

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
Mark 1	Mark 1
1:1 Ukuqaleka kwayo ivangeli kaYesu Kristu, uNyana kaThixo.	1:1 The beginning of the gospel of Jesus Christ, the Son of God;
1:2 Njengoko kubhaliweyo ebaprofetini, kwathiwa, Yabona, mna ndithuma umthunywa wam ngaphambi kobuso bakho, Oya kuyilungisa indlela yakho phambi kwakho.	1:2 As it is written in the prophets, Behold, I send my messenger before thy face, which shall prepare thy way before thee.
1:3 Izwi lodandulukayo entlango, lisithi, Wulungiseni umendo weNkosi; Zityenenezeni iindlela zayo!	1:3 The voice of one crying in the wilderness, Prepare ye the way of the Lord, make his paths straight.
1:4 Kwaye kukho uYohane, ebhaptiza entlango, evakalisa ubhaptizo lwenguquko, ukuze kuxolelwe izono.	1:4 John did baptize in the wilderness, and preach the baptism of repentance for the remission of sins.
1:5 Laye liphuma lisiya kuye lonke ilizwe lakwaYuda nabaseYerusalem; baye bonke bebhaptizwa nguye eYordan emlanjeni, bezixela izono zabo.	1:5 And there went out unto him all the land of Judaea, and they of Jerusalem, and were all baptized of him in the river of Jordan, confessing their sins.
1:6 Waye ke kaloku uYohane ambethe uboya benkamela, enombhinqo wentlonze esinqeni sakhe, abe ke esidla iinkumbi nobusi basendle.	1:6 And John was clothed with camel's hair, and with a girdle of a skin about his loins; and he did eat locusts and wild honey;
1:7 Wayememeza esithi, Emva kwam kuza lowo unamandla kunam, endingafanelekileyo ukuba ndithobe phantsi, ndiwuthukulule nomtya weembadada zakhe.	1:7 And preached, saying, There cometh one mightier than I after me, the latchet of whose shoes I am not worthy to stoop down and unloose.
1:8 Mna okunene ndanibhaptiza ngamanzi, ke yena uya kunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele.	1:8 I indeed have baptized you with water: but he shall baptize you with the Holy Ghost.
1:9 Kwathi ngaloo mihla kweza uYesu, evela eNazarete yelaseGalili, wabhaptizwa nguYohane eYordan apho.	1:9 And it came to pass in those days, that Jesus came from Nazareth of Galilee, and was baptized of John in Jordan.
1:10 Uthe kwaoko, akuba enyuka ephuma emanzini, walibona izulu likrazulwe, noMoya enjengehobe, esihla phezu kwakhe.	1:10 And straightway coming up out of the water, he saw the heavens opened, and the Spirit like a dove descending upon him:
1:11 Kwabakho nezwi eliphuma ezulwini, lisithi, Wena unguNyana wam oyintanda, endikholisiweyo nguye.	1:11 And there came a voice from heaven, saying, Thou art my beloved Son, in whom I am well pleased.
1:12 Uthi kwaoko uMoya amkhuphele entlango.	1:12 And immediately the spirit driveth him into the wilderness.
1:13 Waye esentlango apho iintsuku ezimashumi mane, ehendwa nguSathana; waye endawonye namarhamncwa; zaye izithunywa zezulu zimlungiselela.	1:13 And he was there in the wilderness forty days, tempted of Satan; and was with the wild beasts; and the angels ministered unto him.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
1:14 Ke kaloku emveni kokufakwa kukaYohane entolongweni, weza uYesu kwelaseGalili, evakalisa iindaba ezilungileyo zobukumkani bukaThixo,	1:14 Now after that John was put in prison, Jesus came into Galilee, preaching the gospel of the kingdom of God,
1:15 esithi, Lizalisekile ixesha, nobukumkani bukaThixo busondele; guqukani, nikholwe kuzo iindaba ezilungileyo ezi.	1:15 And saying, The time is fulfilled, and the kingdom of God is at hand: repent ye, and believe the gospel.
1:16 Uthe ke, ehamba ngaselwandle lwaseGalili, wabona uSimon, noAndreya umzalwana wakhe, bephosa umnatha elwandle; ngokuba babengababambisi beentlanzi.	1:16 Now as he walked by the sea of Galilee, he saw Simon and Andrew his brother casting a net into the sea: for they were fishers.
1:17 Wathi kubo uYesu, Yizani apha nindilande; ndonenza nibe ngababambisi babantu.	1:17 And Jesus said unto them, Come ye after me, and I will make you to become fishers of men.
1:18 Bayishiya kwaoko iminatha yabo, bamlandela.	1:18 And straightway they forsook their nets, and followed him.
1:19 Uhambele phambili kancinane esuka apho, wabona uYakobi, lo kaZebhedi, noYohane, umzalwana wakhe, besemkhombeni wabo, beyilungisa iminatha yabo.	1:19 And when he had gone a little farther thence, he saw James the son of Zebedee, and John his brother, who also were in the ship mending their nets.
1:20 Wababiza kwaoko; bamshiya uyise uZebhedi emkhombeni enabaqeshwa, besuka bamlandela.	1:20 And straightway he called them: and they left their father Zebedee in the ship with the hired servants, and went after him.
1:21 Bangena eKapernahum. Engene kwaoko ngesabatha endlwini yesikhungu, wafundisa.	1:21 And they went into Capernaum; and straightway on the sabbath day he entered into the synagogue, and taught.
1:22 Bakhwankqiswa kukufundisa kwakhe; ngokuba ebefundisa njengonegunya, engafundisi njengabo ababhali.	1:22 And they were astonished at his doctrine: for he taught them as one that had authority, and not as the scribes.
1:23 Kwaye kukho endlwini yabo yesikhungu umntu onomoya ongcolileyo; wakhala,	1:23 And there was in their synagogue a man with an unclean spirit; and he cried out,
1:24 esithi, Yoo! Yini na enathi nawe, Yesu waseNazarete? Uze kusitshalalisa na? Ndiyakwazi wena, lowo unguye; ungoyiNgcwele kaThixo.	1:24 Saying, Let us alone; what have we to do with thee, thou Jesus of Nazareth? art thou come to destroy us? I know thee who thou art, the Holy One of God.
1:25 Wawukhalimela uYesu, esithi, Yithi tu, uphume kuye.	1:25 And Jesus rebuked him, saying, Hold thy peace, and come out of him.
1:26 Uthe umoya ongcolileyo wambetha wee xhwenene; wakhala ngezwi elikhulu, waphuma kuye.	1:26 And when the unclean spirit had torn him, and cried with a loud voice, he came out of him.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
1:27 Baqhiphuka umbilini bonke, ngokokude babuzisane, besithi, Yintoni na le nto? Le mfundiso intsha yiyiphi na, le nto noomoya abangcolileyo aba abathethela ngegunya, bamlulamele?	1:27 And they were all amazed, insomuch that they questioned among themselves, saying, What thing is this? what new doctrine is this? for with authority commandeth he even the unclean spirits, and they do obey him.
1:28 Lwaphuma ke kwaoko udumo lwakhe; lwaya kuwo wonke ummandla welaseGalili.	1:28 And immediately his fame spread abroad throughout all the region round about Galilee.
1:29 Kwaoko, bakuphuma endlwini yesikhungu, bangena endlwini kaSimon noAndreya, benoYakobi noYohane.	1:29 And forthwith, when they were come out of the synagogue, they entered into the house of Simon and Andrew, with James and John.
1:30 Ke kaloku umkhwekazi kaSimon wayelele, esifa yicesina; bamxelela ngaye kwaoko.	1:30 But Simon's wife's mother lay sick of a fever, and anon they tell him of her.
1:31 Weza ke kuye, wamvusa embambe ngesandla; yamyeka kwaoko icesina, wabalungiselela.	1:31 And he came and took her by the hand, and lifted her up; and immediately the fever left her, and she ministered unto them.
1:32 Ke kaloku, kwakuhlwa, xa litshonayo ilanga, bazisa kuye bonke ababesifa, nababephethwe ziidemon.	1:32 And at even, when the sun did set, they brought unto him all that were diseased, and them that were possessed with devils.
1:33 Waye umzi wonke uhlanganisene ndawonye emnyango apho.	1:33 And all the city was gathered together at the door.
1:34 Waphilisa babaninzi ababesifa zizifo ngezifo; wakhupha needemon ezininzi; waye engazivumeli iidemon ukuba zithethe, kuba bezimazi.	1:34 And he healed many that were sick of divers diseases, and cast out many devils; and suffered not the devils to speak, because they knew him.
1:35 Uthe kusasa, kusemnyama kakhulu, wavuka, waphuma waya endaweni eyintlango, wathandaza khona apho.	1:35 And in the morning, rising up a great while before day, he went out, and departed into a solitary place, and there prayed.
1:36 Bamphuthuma ooSimon nabo babenaye.	1:36 And Simon and they that were with him followed after him.
1:37 Bemfumene bathi kuye, Bonke bayakufuna.	1:37 And when they had found him, they said unto him, All men seek for thee.
1:38 Athi kubo, Masihambe siye emizini ekufuphi, ukuze nakhona ndivakalise iindaba ezilungileyo, kuba ndiphumele oko.	1:38 And he said unto them, Let us go into the next towns, that I may preach there also: for therefore came I forth.
1:39 Wayevakalisa ke ezindlwini zabo zesikhungu kulo lonke elaseGalili, ezikhupha needemon.	1:39 And he preached in their synagogues throughout all Galilee, and cast out devils.
1:40 Kweza kuye oneqhenqa, embongoza, esiwa ngamadolo phambi kwakhe, esithi kuye, Ukuba uyathanda, unako ukundiambulula.	1:40 And there came a leper to him, beseeching him, and kneeling down to him, and saying unto him, If thou wilt, thou canst make me clean.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
1:41 UYesu, esikwe yimfesane ke, wasolula isandla, wamchukumisa, wathi kuye, Ndiyathanda; hlambuluka.	1:41 And Jesus, moved with compassion, put forth his hand, and touched him, and saith unto him, I will; be thou clean.
1:42 Akutsho, lemka kwaoko kuye iqhenqa, wahlambuluka.	1:42 And as soon as he had spoken, immediately the leprosy departed from him, and he was cleansed.
1:43 Akuba emyalile kalukhuni, wamkhupha kwaoko.	1:43 And he straitly charged him, and forthwith sent him away;
1:44 Athi kuye, Lumka ungateleli bani nento le; hamba uye kuzibonisa kumbingeleli, usondeze ngenxa yokuhlanjululwa kwakho ezo zinto wamisa zona uMoses, zibe bubungqina kubo.	1:44 And saith unto him, See thou say nothing to any man: but go thy way, shew thyself to the priest, and offer for thy cleansing those things which Moses commanded, for a testimony unto them.
1:45 Ke yena, akuphuma, waqala ukuyivakalisa kakhulu nokuyibhengeza loo ndawo, ngokokude angabi saba nako uYesu ukungena mzini ekuhleni; waba ngaphandle ezindaweni eziziintlango; babesithi beze kuye bevela ngeenxa zonke.	1:45 But he went out, and began to publish it much, and to blaze abroad the matter, insomuch that Jesus could no more openly enter into the city, but was without in desert places: and they came to him from every quarter.
Mark 2	Mark 2
2:1 Kwakuba ntsuku, wabuya wangena eKapernahum; kwavakala ukuba usekhaya,	2:1 And again he entered into Capernaum after some days; and it was noised that he was in the house.
2:2 Kwaoko kwahlanganisana into eninzi yabantu, ngokokude kungabi sabakho kukhwelelana, nakule mimandla isemnyango; wayelithetha ke kubo ilizwi.	2:2 And straightway many were gathered together, insomuch that there was no room to receive them, no, not so much as about the door: and he preached the word unto them.
2:3 Kuthi kufike kuye abantu bezisa onedumbe, ethwelwe ngabane.	2:3 And they come unto him, bringing one sick of the palsy, which was borne of four.
2:4 Bakuba bengenakusondela kuye ngenxa yendimbane, banqika entungo apho abekhona; bakuba begqobhozile, baluhlisa ukhuko abelele kulo lowo unedumbe.	4 And when they could not come nigh unto him for the press, they uncovered the roof where he was: and when they had broken it up, they let down the bed wherein the sick of the palsy lay.
2:5 Akulubona ke uYesu ukholo lwabo, wathi konedumbe, Mntwana wam, uzixolelwe izono zakho.	2:5 When Jesus saw their faith, he said unto the sick of the palsy, Son, thy sins be forgiven thee.
2:6 Kwaye ke kukho apho ababhali abathile behleli, became ezintliziyweni zabo, besithi,	2:6 But there was certain of the scribes sitting there, and reasoning in their hearts,
2:7 Yini na ukuba lo enjenje ukuthetha izinyeliso? Ngubani na onako ukuxolela izono, mnye kwaphela, nguThixo?	2:7 Why doth this man thus speak blasphemies? who can forgive sins but God only?

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
2:8 Eqiqe kwaoko uYesu ngomoya wakhe, ukuba benjenjalo ukucamanga ngaphakathi kwabo, wathi kubo, Yini na ukuba nicamange ezi zinto ezintliziyyweni zenu?	2:8 And immediately when Jesus perceived in his spirit that they so reasoned within themselves, he said unto them, Why reason ye these things in your hearts?
2:9 Okhona kulula kukuphi na: kukho ukuthi konedumbe, Uzixolelwe izono; kukho nokuthi, Vuka, uthabathe ukhuko lwakho, uhambe?	2:9 Whether is it easier to say to the sick of the palsy, Thy sins be forgiven thee; or to say, Arise, and take up thy bed, and walk?
2:10 Ke ukuze nazi ukuba unalo igunya uNyana woMntu lokuxolela izono emhlabeni apha (uthi konedumbe),	2:10 But that ye may know that the Son of man hath power on earth to forgive sins, (he saith to the sick of the palsy,)
2:11 Ndithi kuwe, Vuka, uthabathe ukhuko lwakho, uye endlwini yakho.	2:11 I say unto thee, Arise, and take up thy bed, and go thy way into thine house.
2:12 Wavuka kwaoko, waluthabatha ukhuko, waphuma phambi kwabo bonke, ngokokude bathi nqa bonke, bamzukise uThixo, besithi, Asizanga sikubone okunje.	2:12 And immediately he arose, took up the bed, and went forth before them all; insomuch that they were all amazed, and glorified God, saying, We never saw it on this fashion.
2:13 Wabuya waphuma waya ngaselwandle, saye sonke isihlwele sisiza kuye; wayebafundisa.	2:13 And he went forth again by the sea side; and all the multitude resorted unto him, and he taught them.
2:14 Wathi edlula, wabona uLevi, lo ka-Alifeyu, ehleli endaweni yerhafu; athi kuye, Ndilandele. Wesuka wamlandela.	2:14 And as he passed by, he saw Levi the son of Alphaeus sitting at the receipt of custom, and said unto him, Follow me. And he arose and followed him.
2:15 Kwathi ekuhlaleni kwakhe ngasesithebeni endlwini yakhe, kwahlala nento eninzi yababuthi berhafu naboni ndawonye noYesu nabafundi bakhe; kuba babebaninzi, baye ke bemlandela.	2:15 And it came to pass, that, as Jesus sat at meat in his house, many publicans and sinners sat also together with Jesus and his disciples: for there were many, and they followed him.
2:16 Baye ababhali kwanabaFarisi, bakumbona esidla ndawonye nababuthi berhafu naboni, besithi kubafundi bakhe. Yini na ukuba adle asele nababuthi berhafu naboni?	2:16 And when the scribes and Pharisees saw him eat with publicans and sinners, they said unto his disciples, How is it that he eateth and drinketh with publicans and sinners?
2:17 Ekuvile ke oko uYesu, wathi kubo, Akufuneki gqirha kwabaphili leyo lifuneka kwabafayo. Andize kubiza malungisa, ndize kubiza aboni, ukuba baguquke.	2:17 When Jesus heard it, he saith unto them, They that are whole have no need of the physician, but they that are sick: I came not to call the righteous, but sinners to repentance.
2:18 Baye abafundi bakaYohane nababaFarisi bezila ukudla; beze bathi kuye, Kungani na ukuba abafundi bakaYohane nababaFarisi bazile ukudla, kanti ke abakho abafundi abakuzili bona?	2:18 And the disciples of John and of the Pharisees used to fast: and they come and say unto him, Why do the disciples of John and of the Pharisees fast, but thy disciples fast not?

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
2:19 Wathi uYesu kubo, Banako yini na abegumbi lomtshakazi ukuzila ukudla, xa anabo umyeni? Lo gama wonke asekuho umyeni, abanako ukuzila ukudla.	2:19 And Jesus said unto them, Can the children of the bridechamber fast, while the bridegroom is with them? as long as they have the bridegroom with them, they cannot fast.
2:20 Ke kofika mihla awoza asuswe kubo umyeni; baya kwandula ke ukuzila ngaloo mihla.	2:20 But the days will come, when the bridegroom shall be taken away from them, and then shall they fast in those days.
2:21 Akukho uthungela isiziba somchako omtsha engutyeni endala; okanye ke eso sifakiweyo, sitsha, sokrazula kuyo endala, sibe sibi ngokunye isikroba.	2:21 No man also seweth a piece of new cloth on an old garment: else the new piece that filled it up taketh away from the old, and the rent is made worse.
2:22 Kanjalo akukho utha iwayini entsha ezintsubeni ezindala; okanye iwayini, leyo intsha, yozigqabhuza iintsuba, iphalale iwayini, zitshabalale neentsuba; yona iwayini entsha imelwe kukuthiwa ezintsubeni ezintsha.	2:22 And no man putteth new wine into old bottles: else the new wine doth burst the bottles, and the wine is spilled, and the bottles will be marred: but new wine must be put into new bottles.
2:23 Kwathi ehamba ecanda emasimini ngesabatha, baqala abafundi bakhe ukuhamba besikha izikhwebu.	2:23 And it came to pass, that he went through the corn fields on the sabbath day; and his disciples began, as they went, to pluck the ears of corn.
2:24 Baye besithi kuye abaFarisi, Khangela, yini na ukuba benze ngemini yesabatha oko kungavumelekileyo?	2:24 And the Pharisees said unto him, Behold, why do they on the sabbath day that which is not lawful?
2:25 Wathi yena kubo; Anizanga niyilese na into awayenzayo uDavide, oko wayeswele, elambile nokulamba, yena nabo babenaye?	2:25 And he said unto them, Have ye never read what David did, when he had need, and was an hungred, he, and they that were with him?
2:26 Okokuba wangena endlwini kaThixo ngexesha lika-Abhiyatare umbingeleli omkhulu, wazidla izonka ezibekwe phambi koThixo, ezo kungavumelekileyo ukuba zidliwe ngabo bangebabingeleli, wanika nabo babenaye?	2:26 How he went into the house of God in the days of Abiathar the high priest, and did eat the shewbread, which is not lawful to eat but for the priests, and gave also to them which were with him?
2:27 Wayesithi kubo, Isabatha le yabakho ngenxa yomntu, asingumntu owabakhoyo ngenxa yesabatha.	2:27 And he said unto them, The sabbath was made for man, and not man for the sabbath:
2:28 Ngoko ke uNyana woMntu lo uyiNkosi yayo nesabatha.	2:28 Therefore the Son of man is Lord also of the sabbath.
Mark 3	Mark 3
3:1 Wabuya wangena endlwini yesikhungu. Kwaye kukho apho umntu onesandla esomileyo.	3:1 And he entered again into the synagogue; and there was a man there which had a withered hand.
3:2 Baye bemlalele, ukuba womphilisa na ngesabatha, ukuze bammangalele.	3:2 And they watched him, whether he would heal him on the sabbath day; that they might accuse him.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
3:3 Athi kuloo mntu unesandla esomileyo, Phakama uze phakathi.	3:3 And he saith unto the man which had the withered hand, Stand forth.
3:4 Athi kubo, Okuvumelekileyo ngesabatha kukwenza okulungileyo, kukwenza okubi, kusini na? Kukusindisa, kukubulala, kusini na? Ke bahlala bathi tu.	3:4 And he saith unto them, Is it lawful to do good on the sabbath days, or to do evil? to save life, or to kill? But they held their peace.
3:5 Akuba ebasingasingile ngengqumbo, ebuhlungu ngenxa yokuqaqadeka kwentliziyo yabo, uthi kumntu lowo, Solule isandla sakho. Wasolula, sabuya saphila ke isandla sakhe, saba kwanjengesinye.	3:5 And when he had looked round about on them with anger, being grieved for the hardness of their hearts, he saith unto the man, Stretch forth thine hand. And he stretched it out: and his hand was restored whole as the other.
3:6 Baphuma abaFarisi, benza kwaoko ibhunga namaHerode ngaye, lokuba bamtshabalalise.	3:6 And the Pharisees went forth, and straightway took counsel with the Herodians against him, how they might destroy him.
3:7 Wemka uYesu nabafundi bakhe, waya elwandle; yamlandela inkitha eninzi, ivela kwelaseGalili, nakwelakwaYuda,	3:7 But Jesus withdrew himself with his disciples to the sea: and a great multitude from Galilee followed him, and from Judaea,
3:8 naseYerusalem, nakwelakwaldume, naphesheya kweYordan; nabo bangaseTire nabaseTsidon, inkitha eninzi; bathi, bakuva izinto ezinkulu abezenza, beza kuye.	3:8 And from Jerusalem, and from Idumaea, and from beyond Jordan; and they about Tyre and Sidon, a great multitude, when they had heard what great things he did, came unto him.
3:9 Wathi kubafundi bakhe, umkhonjana mawuhlale umlindile ngenxa yezihlwele, ukuze bangamxini.	3:9 And he spake to his disciples, that a small ship should wait on him because of the multitude, lest they should throng him.
3:10 Kuba waphilisa babaninzi, ngokokude bathi ngunga phezu kwakhe, ukuze bamchukumise bonke ababenezibetho;	3:10 For he had healed many; insomuch that they pressed upon him for to touch him, as many as had plagues.
3:11 nabo oomoya abangcolileyo babesithi, xa sukuba bembona, bawe phantsi kuye, bakhale, besithi, Unguye wena uNyana kaThixo.	3:11 And unclean spirits, when they saw him, fell down before him, and cried, saying, Thou art the Son of God.
3:12 Wayebakhalimela kakhulu ukuba bangamtyhili.	3:12 And he straitly charged them that they should not make him known.
3:13 Uthi ke anyuke intaba, abizele kuye abo abethanda ukubabiza yena ngokwakhe; besuka beza kuye.	3:13 And he goeth up into a mountain, and calleth unto him whom he would: and they came unto him.
3:14 Wadala balishumi elinababini, ukuze babe naye, nokuze abathume baye kuvakalisa ubukumkani bukaThixo,	3:14 And he ordained twelve, that they should be with him, and that he might send them forth to preach,
3:15 babe negunya lokuziphilisa izifo, nelokuzikhupha iidemon.	3:15 And to have power to heal sicknesses, and to cast out devils:
3:16 YanguSimon, awamthiya igama elinguPetros;	3:16 And Simon he surnamed Peter;

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
3:17 yanguYakobi lo kaZebhedi, noYohane umzalwana kaYakobi, awathi bona wabathiya amagama okuba ngooBhowanerges, oko kukuthi, ngabeendudumo;	3:17 And James the son of Zebedee, and John the brother of James; and he surnamed them Boanerges, which is, The sons of thunder:
3:18 yanguAndreya, noFilipu, noBhartolomeyu, noMateyu, noTomas, noYakobi, lo ka-Alifeyu, noTadeyu, noSimon Kanan,	3:18 And Andrew, and Philip, and Bartholomew, and Matthew, and Thomas, and James the son of Alphaeus, and Thaddaeus, and Simon the Canaanite,
3:19 noYuda Sikariyoti, owamngcatshayo nokumngcatsha.	3:19 And Judas Iscariot, which also betrayed him: and they went into an house.
3:20 Bathi beze ekhaya; kubuye kubuthelane izihlwele, ngokokude bangabi nako nokudla isonka.	3:20 And the multitude cometh together again, so that they could not so much as eat bread.
3:21 Beville abakowabo, baphuma beya kumbamba; kuba babesithi, Uyageza.	3:21 And when his friends heard of it, they went out to lay hold on him: for they said, He is beside himself.
3:22 Baye bona ababhali, ababehle bevela eYerusalem, besithi, UnoBhelezebhule; besithi, lidemon ezi uzikhupha ngaye umphathi weedemon.	3:22 And the scribes which came down from Jerusalem said, He hath Beelzebub, and by the prince of the devils casteth he out devils.
3:23 Uthe ebabizele kuye, wathetha nabo ngemizekeliso, esithi, Angathini na uSathana ukukhupha uSathana?	3:23 And he called them unto him, and said unto them in parables, How can Satan cast out Satan?
3:24 Nobukumkani, ukuba buthe bahlulelana bodwa, abunako ukuma obo bukumkani;	3:24 And if a kingdom be divided against itself, that kingdom cannot stand.
3:25 nendlu, ukuba ithe yahlulelana yodwa, ayinako ukuma loo ndlu;	3:25 And if a house be divided against itself, that house cannot stand.
3:26 noSathana, ukuba uthe wazichasa ngokwakhe, wahlulelana yedwa, akanako ukuma, uphelile.	3:26 And if Satan rise up against himself, and be divided, he cannot stand, but hath an end.
3:27 Akukho unako ukuthi impahla yegorha angene endlwini yalo ayiphange, ukuba akathanga tanci alibophe igorha elo, andule ukuyiphanga indlu yalo.	3:27 No man can enter into a strong man's house, and spoil his goods, except he will first bind the strong man; and then he will spoil his house.
3:28 Inene ndithi kuni, Zonke izono baya kuzixolelwa oonyana babantu, kwanezinyeliso abasukuba benyelisa ngazo;	3:28 Verily I say unto you, All sins shall be forgiven unto the sons of men, and blasphemies wherewith soever they shall blaspheme:
3:29 ke yena othe wanyelisa uMoya oyiNgcwele, akanako ukuxolelwa naphakade; unetyala lokugwetywa okungunaphakade.	3:29 But he that shall blaspheme against the Holy Ghost hath never forgiveness, but is in danger of eternal damnation.
3:30 Watsho kuba besithi, Unomoya ongcolileyo.	3:30 Because they said, He hath an unclean spirit.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
3:31 Bafika ke kaloku abazalwana bakhe nonina; bathi, bemi ngaphandle, bathumela kuye bembiza.	3:31 There came then his brethren and his mother, and, standing without, sent unto him, calling him.
3:32 Zaye izihlwele zihleli zimphahlile; bathi kuye, Nanku unyoko nabazalwana bakho ngaphandle, bekufuna.	3:32 And the multitude sat about him, and they said unto him, Behold, thy mother and thy brethren without seek for thee.
3:33 Wabaphendula esithi, Ngubani na uma? Ngoobani na nabazalwana bam?	3:33 And he answered them, saying, Who is my mother, or my brethren?
3:34 Akuba ebasingasingile ngeenxa zonke ababehleli bemphahlile, uthi, Nanku uma nabazalwana bam.	3:34 And he looked round about on them which sat about him, and said, Behold my mother and my brethren!
3:35 Kuba othe wakwenza ukuthanda kukaThixo, lowo ngumzalwana wam, nodade wethu, noma.	3:35 For whosoever shall do the will of God, the same is my brother, and my sister, and mother.
Mark 4	Mark 4
4:1 Wabuya waqala ukufundisa ngaselwandle. Kwahlanganisana kuye isihlwele esikhulu, ngokokude aye kungena emkhombeni, ahlale elwandle yena; sabe sonke isihlwele sisemhlabeni, sibheke elwandle apho.	4:1 And he began again to teach by the sea side: and there was gathered unto him a great multitude, so that he entered into a ship, and sat in the sea; and the whole multitude was by the sea on the land.
4:2 Wayebafundisa iindawo ezininzi ngemizekeliso. Ubesithi kubo ekubafundiseni kwakhe,	4:2 And he taught them many things by parables, and said unto them in his doctrine,
4:3 Phulaphulani; yabonani, umhlwayeli waphuma waya kuhlwayela;	4:3 Hearken; Behold, there went out a sower to sow:
4:4 kwathi ekuhlwayeleni kwakhe, inxalenye yembewu yawa ngasendleleni, zeza iintaka zezulu zayidla zayigqiba.	4:4 And it came to pass, as he sowed, some fell by the way side, and the fowls of the air came and devoured it up.
4:5 Enye yawa endaweni elulwalwa, apho ibingenamhlaba mninzi; yantshula ke kwaoko, ngenxa yokuba ibingenabunzulu bamhlaba;	4:5 And some fell on stony ground, where it had not much earth; and immediately it sprang up, because it had no depth of earth:
4:6 ithe ke, lakuphuma ilanga, yatsha, yathi ngenxa yokuba ingenangcambu, yoma kwaphela.	4:6 But when the sun was up, it was scorched; and because it had no root, it withered away.
4:7 Yimbi yawa emithaneni enameva; yakhula imithana enameva yayiminxa; ayanika siqhamo.	4:7 And some fell among thorns, and the thorns grew up, and choked it, and it yielded no fruit.
4:8 Yimbi yawa kuwo wona umhlaba omhle, yanika isiqhamo esakhulayo sachuma; yathwala amashumi amathathu enye, namashumi amathandathu enye, nekhulu enye.	4:8 And other fell on good ground, and did yield fruit that sprang up and increased; and brought forth, some thirty, and some sixty, and some an hundred.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
4:9 Wathi kubo, Lowo uneendlebe zokuva makeve.	4:9 And he said unto them, He that hath ears to hear, let him hear.
4:10 Ke kaloku, xa abeyedwa, abo babemphahlile, ndawonye nabalishumi elinababini, bambuza umzekeliso lowo.	4:10 And when he was alone, they that were about him with the twelve asked of him the parable.
4:11 Wathi kubo, Nikuphiwe nina ukuyazi imfihlelo yobukumkani bukaThixo; ke kwabo bangaphandle zonke izinto ezi zibakho ngemizekeliso;	4:11 And he said unto them, Unto you it is given to know the mystery of the kingdom of God: but unto them that are without, all these things are done in parables:
4:12 ukuze bebona nje, babone bangaqiqi; besiva nje, beve bangaqondi; hleze babuye, zebaxolelwe izono zabo.	4:12 That seeing they may see, and not perceive; and hearing they may hear, and not understand; lest at any time they should be converted, and their sins should be forgiven them.
4:13 Athi kubo, Aniwazi na lo mzekeliso? Nothini na ke ukuyazi imizekeliso yonke?	4:13 And he said unto them, Know ye not this parable? and how then will ye know all parables?
4:14 Umhlwayeli lo uhlwayela ilizwi.	4:14 The sower soweth the word.
4:15 Abo ke bangasendleni, apho ilizwi lihlwayelwa khona, ngaba kuthi, xa bathe beva, afike kwaoko uSathana, alithabathe ilizwi elihlwayelweyo ezintliziyweni zabo.	4:15 And these are they by the way side, where the word is sown; but when they have heard, Satan cometh immediately, and taketh away the word that was sown in their hearts.
4:16 Ngokunjalo abo bahlwayelwayo ezindaweni ezilulwalwa ngabathi, xa bathe baliva ilizwi, balamkele kwaoko bevuya;	4:16 And these are they likewise which are sown on stony ground; who, when they have heard the word, immediately receive it with gladness;
4:17 babe bengenancambu ngaphakathi kwabo, beme umzuzwana kodwa; bathi kamva, kwakuhla imbandezelo, nokuba yintshutshiso, ngenxa yelizwi, bakhutyekiswe kwaoko.	4:17 And have no root in themselves, and so endure but for a time: afterward, when affliction or persecution ariseth for the word's sake, immediately they are offended.
4:18 Abo bahlwayelwayo emithaneni enameva ngaba, bathi balive ilizwi;	4:18 And these are they which are sown among thorns; such as hear the word,
4:19 aze amaxhala eli phakade, nokulukuhla kobutyebi, neenkanuko zezinye izinto, zingene ziliminxe ilizwi, lisuke lingabi nasiqhamo.	4:19 And the cares of this world, and the deceitfulness of riches, and the lusts of other things entering in, choke the word, and it becometh unfruitful.
4:20 Abo bahlwayelweyo kuwo umhlaba omhle ngaba, basakuthi balive ilizwi, balamkele, baxakathe isiqhamo, omnye amashumi amathathu, omnye amashumi amathandathu, nomnye ikhulu.	4:20 And these are they which are sown on good ground; such as hear the word, and receive it, and bring forth fruit, some thirtyfold, some sixty, and some an hundred.
4:21 Wayesithi kubo, Isibane esi sikha siziswe ukuze sibekwe ngaphantsi kwesitya yini na, nokuba kuphantsi kwesingqengqelo? Asiziswa na ukuze sibekwe esiphathweni saso?	4:21 And he said unto them, Is a candle brought to be put under a bushel, or under a bed? and not to be set on a candlestick?

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
4:22 Kuba akukho nto ifihlakeleyo ingayi kubonakaliswa; kananjalo akubangakho nto ifihliweyo ingafihlelwa ukuba ize ekuhleni.	4:22 For there is nothing hid, which shall not be manifested; neither was any thing kept secret, but that it should come abroad.
4:23 Ukuba ubani uneendlebe zokuva, makeve.	4:23 If any man have ears to hear, let him hear.
4:24 Wayesithi kubo, Yilumkeleni into eniyivayo; umlinganiselo enilinganisela ngawo, niya kulinganiselwa ngawo nani, kongezwe kuni nina nivayo.	4:24 And he said unto them, Take heed what ye hear: with what measure ye mete, it shall be measured to you: and unto you that hear shall more be given.
4:25 Kuba osukuba enako uya kunikwa, nongenako uya kuhluthwa kwanoko anako.	4:25 For he that hath, to him shall be given: and he that hath not, from him shall be taken even that which he hath.
4:26 Wayesithi, Ubukumkani bukaThixo bunjengokuba abengathi umntu aphose imbewu emhlabeni;	4:26 And he said, So is the kingdom of God, as if a man should cast seed into the ground;
4:27 aze alale, avuke, ubusuku nemini, ibe imbewu intshula ikhula ngohlobo angalwaziyo.	4:27 And should sleep, and rise night and day, and the seed should spring and grow up, he knoweth not how.
4:28 Kuba umhlaba uvelisa iziqhamo ngokwawo, kuqala ibe likhaba, ize ibe sisikhwebu, ize ibe yingqolowa ezalisekileyo esikhwebini;	4:28 For the earth bringeth forth fruit of herself; first the blade, then the ear, after that the full corn in the ear.
4:29 athi ke, xa sithe savuthwa isiqhamo, alifake kwaoko irhengqa, ngokuba kusekusondele ukuvuna.	4:29 But when the fruit is brought forth, immediately he putteth in the sickle, because the harvest is come.
4:30 Wayesithi, Siya kubufanekisa nantoni na ubukumkani bukaThixo? Siya kubuzekelisa ngamzekeliso mni na?	4:30 And he said, Whereunto shall we liken the kingdom of God? or with what comparison shall we compare it?
4:31 Bunjengokhozo lwemostade; lona luthi, xa sukuba luhlwayelwa emhlabeni, lube luloluncinane kuzo zonke iimbewu ezisemhlabeni;	4:31 It is like a grain of mustard seed, which, when it is sown in the earth, is less than all the seeds that be in the earth:
4:32 luthi ke, xa luthe lwahlwayelwa, lukhule lube lukhulu kuyo yonke imifuno, lwenze amasebe amakhulu, ngokokude iintaka zezulu zibe nako ukuhlala phantsi komthunzi walo.	4:32 But when it is sown, it groweth up, and becometh greater than all herbs, and shooteth out great branches; so that the fowls of the air may lodge under the shadow of it.
4:33 Wayelithetha kubo ilizwi ngemizekeliso emininzi enjalo, njengoko baye benako ukuva.	4:33 And with many such parables spake he the word unto them, as they were able to hear it.
4:34 Ubengathethi ke kubo kungengamzekeliso; ke ubesithi, bakuba bodwa, abacombululele iindawo zonke abafundi bakhe.	4:34 But without a parable spake he not unto them: and when they were alone, he expounded all things to his disciples.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
4:35 Athi kubo kwangaloo mini, kwakuhlwa, Masiwele siye ngaphesheya.	4:35 And the same day, when the even was come, he saith unto them, Let us pass over unto the other side.
4:36 Besindulule isihlwele, bamthabatha esemkhombeni njalo; kwaye ke kukho eminye imikhonjana inaye.	4:36 And when they had sent away the multitude, they took him even as he was in the ship. And there were also with him other little ships.
4:37 Kwabakho uqhwithela olukhulu lomoya; aye ke amaza ephoseka emkhombeni, abetha wafuna ukuzala kwangoku.	4:37 And there arose a great storm of wind, and the waves beat into the ship, so that it was now full.
4:38 Waye yena esesinqeni somkhombe, elele ubuthongo phezu komqamelo; bamvuse, bathi kuye, Mfundisi, akukhathali na, sitshabalala nje?	4:38 And he was in the hinder part of the ship, asleep on a pillow: and they awake him, and say unto him, Master, carest thou not that we perish?
4:39 Wavuka, wawukhalimela umoya, wathi kulo ulwandle, Hlala uthi tu, uthi cwaka! Wadamba umoya, kwabakho ukuzola okukhulu.	4:39 And he arose, and rebuked the wind, and said unto the sea, Peace, be still. And the wind ceased, and there was a great calm.
4:40 Wathi kubo, Yini na ukuba nibe nje, ukuba ngamagwala? Kutheni na, le nto ningenalukholo?	4:40 And he said unto them, Why are ye so fearful? how is it that ye have no faith?
4:41 Boyika ngoloyiko olukhulu, batshono ukuthi, Ngubani na ke lo, le nto alulanyelwa nangumoya nalulwandle?	4:41 And they feared exceedingly, and said one to another, What manner of man is this, that even the wind and the sea obey him?
Mark 5	Mark 5
5:1 Bafika phesheya kolwandle kummandla wabaseGadara.	5:1 And they came over unto the other side of the sea, into the country of the Gadarenes.
5:2 Akuba ephumile emkhombeni, wahlangatyezwa kwaoko ngumntu onomoya ongcolileyo, ephuma emangcwabeni,	5:2 And when he was come out of the ship, immediately there met him out of the tombs a man with an unclean spirit,
5:3 obehlala emangcwabeni apho. Kwaye kungekho bani unako ukumbopha nangemixokelelwane;	5:3 Who had his dwelling among the tombs; and no man could bind him, no, not with chains:
5:4 ngenxa yokuba wayebotshwe futhi ngamakhamandela nangemixokelelwane, asuke ayijace yena imixokelelwane, awakroboze namakhamandela; kwaye kungekho bani unamandla okumdambisa.	5:4 Because that he had been often bound with fetters and chains, and the chains had been plucked asunder by him, and the fetters broken in pieces: neither could any man tame him.
5:5 Ube ehlala ubusuku nemini esezintabeni nasemangcwabeni, ekhala, ezijeca ngamatye.	5:5 And always, night and day, he was in the mountains, and in the tombs, crying, and cutting himself with stones.
5:6 Uthe ke akumbona UYesu ekude, wagidima, waya waqubuda kuye,	5:6 But when he saw Jesus afar off, he ran and worshipped him,

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
5:7 wakhala ngezwi elikhulu, wathi, Yini na enam nawe, Yesu, Nyana kaThixo Osenyangweni? Ndiya kufungisa uThixo ukuba ungandithuthumbisi.	5:7 And cried with a loud voice, and said, What have I to do with thee, Jesus, thou Son of the most high God? I adjure thee by God, that thou torment me not.
5:8 Kuba ebethe kuye, Phuma emntwini apho, moyandini ungcolileyo.	5:8 For he said unto him, Come out of the man, thou unclean spirit.
5:9 Wayembuza esithi, Ungubani na wena igama? Waphendula esithi, NguMkhosi igama lam; kuba sibanzini.	5:9 And he asked him, What is thy name? And he answered, saying, My name is Legion: for we are many.
5:10 Waye ke embongoza kakhulu ukuba angabandululi bemke kwelo zwe.	5:10 And he besought him much that he would not send them away out of the country.
5:11 Bekukho ke apho ngasezintabeni ugxuba olukhulu lweehagu lusidla.	5:11 Now there was there nigh unto the mountains a great herd of swine feeding.
5:12 Zambongoza zonke iidemon, zisithi, Sithumele ezihagwini, ukuze singene kuzo.	5:12 And all the devils besought him, saying, Send us into the swine, that we may enter into them.
5:13 Wazivumela kwaoko uYesu. Baphuma ke oomoya abangcolileyo, baya kungena ezihagwini; lwaza ugxuba lwaphaphatheka, lwehla eweni, lwela elwandle; zaye ke iihagu ezo ngathi zimawaka mabini; zarhaxwa elwandle apho.	5:13 And forthwith Jesus gave them leave. And the unclean spirits went out, and entered into the swine: and the herd ran violently down a steep place into the sea, (they were about two thousand;) and were choked in the sea.
5:14 Bathe ke abo babezalusa iihagu basaba, babika ekhaya nasemaphandleni. Baphuma ke baya kuyibona loo nto ihlileyo, ukuba iyintoni na.	5:14 And they that fed the swine fled, and told it in the city, and in the country. And they went out to see what it was that was done.
5:15 Bafike kuYesu, bambone obepethwe ziidemon, lowo ke wayenomkhosi, ehleli, ambathisiwe, enengqondo ephilileyo; baza boyika.	5:15 And they come to Jesus, and see him that was possessed with the devil, and had the legion, sitting, and clothed, and in his right mind: and they were afraid.
5:16 Abo babeyibonile le nto babacokisela, ukuba kuthekeni na kobepethwe ziidemon; kwanokweehagu.	5:16 And they that saw it told them how it befell to him that was possessed with the devil, and also concerning the swine.
5:17 Baqala ukumbongoza ukuba emke emideni yabo.	5:17 And they began to pray him to depart out of their coasts.
5:18 Akubon' ukuba ungene emkhombeni, wathi lowo ubepethwe ziidemon wambongoza ukuba abe naye.	5:18 And when he was come into the ship, he that had been possessed with the devil prayed him that he might be with him.
5:19 Kodwa uYesu akamvumelanga. Usuke wathi kuye, Hamba, uye endlwini yakho kwabakowenu, ubabikele oko zingako ukuba zinkulu izinto ekwenzele zona iNkosi, yaba nenceba engaka kuwe.	5:19 Howbeit Jesus suffered him not, but saith unto him, Go home to thy friends, and tell them how great things the Lord hath done for thee, and hath had compassion on thee.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
5:20 Wemka, waqala ukuzivakalisa eDecapoli oko zingako ukuba zinkulu izinto uYesu abemenzele zona; bamangaliswa bonke.	5:20 And he departed, and began to publish in Decapolis how great things Jesus had done for him: and all men did marvel.
5:21 Ke kaloku, akubon' ukuba uYesu uwelile ngomkhombe, wabuya weza kwelinye icala, kwahlanganisana kuye isihlwele esikhulu; waye engaselwandle apho.	5:21 And when Jesus was passed over again by ship unto the other side, much people gathered unto him: and he was nigh unto the sea.
5:22 Kubonakele kusiza omnye wakubaphathi bendlu yesikhungu, ogama linguYayiro; athi akumbona, awe ezinyaweni zakhe,	5:22 And, behold, there cometh one of the rulers of the synagogue, Jairus by name; and when he saw him, he fell at his feet,
5:23 ambongoze kunene, esithi, Intombazana yam isindekile; khawuze uzibeke izandla phezu kwayo, ukuze isindiswe; yophila.	5:23 And besought him greatly, saying, My little daughter lieth at the point of death: I pray thee, come and lay thy hands on her, that she may be healed; and she shall live.
5:24 Wesuka wahamba naye; yaye indimbane enkulu imlandela, imxinile.	5:24 And Jesus went with him; and much people followed him, and thronged him.
5:25 Intokazi ethile, eyayinethombo legazi iminyaka elishumi elinamibini,	5:25 And a certain woman, which had an issue of blood twelve years,
5:26 eyayive ubunzima obuninzi kumagqirha amaninzi, eyayidleke konke ebinako, ingasizakali lutho, imana ukuba mandundu:	5:26 And had suffered many things of many physicians, and had spent all that she had, and was nothing bettered, but rather grew worse,
5:27 yathi yakuva ngaye uYesu, yeza phakathi kwesihlwele ngasemva, yayichukumisa ingubo yakhe;	5:27 When she had heard of Jesus, came in the press behind, and touched his garment.
5:28 kuba ibisithi, Ukuba ndithe ndachukumisa neengubo zakhe ezi, ndosindiswa.	5:28 For she said, If I may touch but his clothes, I shall be whole.
5:29 Watsha kwaoko umthombo wegazi layo; yeva emzimbeni wayo ukuba iphilisiwe kweso sibetho.	5:29 And straightway the fountain of her blood was dried up; and she felt in her body that she was healed of that plague.
5:30 UYesu, ethe kwaoko wawazi ngaphakathi kwakhe amandla aphume kuye, wajika esendimbaneni, wathi, Ngubani na ochukumise iingubo zam?	5:30 And Jesus, immediately knowing in himself that virtue had gone out of him, turned him about in the press, and said, Who touched my clothes?
5:31 Bathi kuye abafundi bakhe, Ubona nje ukuba isihlwele sikuxinile, utsho na ukuthi, Ngubani na ondichukumisileyo?	5:31 And his disciples said unto him, Thou seest the multitude thronging thee, and sayest thou, Who touched me?
5:32 Wasingasinga, ukuba ambone lowo uyenzileyo le nto.	5:32 And he looked round about to see her that had done this thing.
5:33 Ithe ke intokazi leyo, isoyika, igubha, ikwazi oko kwenzekileyo kuyo, yeza yawa phantsi kuye, yamxelela inyaniso yonke.	5:33 But the woman fearing and trembling, knowing what was done in her, came and fell down before him, and told him all the truth.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
5:34 Wathi ke kuyo, Ntombi yam, ukholo lwakho lukusindisile; hamba unoxolo, phila kweso sibetho sakho.	5:34 And he said unto her, Daughter, thy faith hath made thee whole; go in peace, and be whole of thy plague.
5:35 Kuthi esathetha yena, kufike abakulomphathi wendlu yesikhungu, besithi, Intombi yakho ifile; usamkhathazelani na uMfundisi?	5:35 While he yet spake, there came from the ruler of the synagogue's house certain which said, Thy daughter is dead: why troublest thou the Master any further?
5:36 Aze kwaoko uYesu, elivile elo zwi lithethwa, athi kumphathi wendlu yesikhungu, Musa ukoyika, kholwa kodwa wena.	5:36 As soon as Jesus heard the word that was spoken, he saith unto the ruler of the synagogue, Be not afraid, only believe.
5:37 Akavumela mntu ukuba alandelane naye, kwakuphela nguPetros noYakobi noYohane, umzalwana kaYakobi.	5:37 And he suffered no man to follow him, save Peter, and James, and John the brother of James.
5:38 Afike endlwini yomphathi wendlu yesikhungu, abone isiphithiphithi, abalilayo nabenza isijwili esikhulu.	5:38 And he cometh to the house of the ruler of the synagogue, and seeth the tumult, and them that wept and wailed greatly.
5:39 Akungena uthi kubo, Yini na ukuba niphithizele nilile? Akafike umntwana, ulele.	5:39 And when he was come in, he saith unto them, Why make ye this ado, and weep? the damsel is not dead, but sleepeth.
5:40 Basuka bamwa ngentsini. Athi akubakhupha bona bonke, amthabathe uyise womntwana nonina, nabo babenaye, angene apho wayelele khona umntwana.	5:40 And they laughed him to scorn. But when he had put them all out, he taketh the father and the mother of the damsel, and them that were with him, and entereth in where the damsel was lying.
5:41 Ambambe ngesandla umntwana, athi kuye, Talita, kumi; oko kukuthi, ngentetho evakalayo, Ntombazana, ndithi kuwe, Vuka!	5:41 And he took the damsel by the hand, and said unto her, Talitha cumi; which is, being interpreted, Damsel, I say unto thee, arise.
5:42 Yavuka kwaoko intombazana leyo, yahambahamba; kuba ibiminyaka ilishumi elinamibini izelwe. Bathi nqa ngokuthi nqa okukhulu.	5:42 And straightway the damsel arose, and walked; for she was of the age of twelve years. And they were astonished with a great astonishment.
5:43 Wabayala kakhulu ukuba kungaziwa mntu oku; watsho nokuthi, mayiphiwe idle.	5:43 And he charged them straitly that no man should know it; and commanded that something should be given her to eat.
Mark 6	Mark 6
6:1 Waphuma apho ke weza kwelakowabo; bamlandela abafundi bakhe.	6:1 And he went out from thence, and came into his own country; and his disciples follow him.
6:2 Uthe kwakubakho isabatha, waqala ukufundisa endlwini yesikhungu; baza abaninzi, bakuva, bakhwankqiswa, besithi, Lo uzizuze phi na ezi zinto? Bubulumko buni na obu abunikiweyo, le nto nemisebenzi yamandla enjengale yenzekayo ngezandla zakhe?	6:2 And when the sabbath day was come, he began to teach in the synagogue: and many hearing him were astonished, saying, From whence hath this man these things? and what wisdom is this which is given unto him, that even such mighty works are wrought by his hands?

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
6:3 Lo akayiyo na ingcibi yokwakha, unyana kaMariya, umzalwana ke kaYakobi noYose noYuda noSimon? Noodade babo abakuthi apha na? Baye bekhubeka kuye.	6:3 Is not this the carpenter, the son of Mary, the brother of James, and Joses, and of Juda, and Simon? and are not his sisters here with us? And they were offended at him.
6:4 Wayesithi ke uYesu kubo, Umprofeti akasweli mbeko, kungaba kukowabo, nakwizizalwana zakhe, nakokwabo.	6:4 But Jesus, said unto them, A prophet is not without honour, but in his own country, and among his own kin, and in his own house.
6:5 Wayengenako ukwenza na mnye umsebenzi wamandla khona apho, kwakuphela ukubeka izandla phezu kwemilwelwe embalwa, wayiphilisa.	6:5 And he could there do no mighty work, save that he laid his hands upon a few sick folk, and healed them.
6:6 Wamangaliswa kukungakhohwa kwabo. Wayeyihambahamba imizana ejikeleza, efundisa.	6:6 And he marvelled because of their unbelief. And he went round about the villages, teaching.
6:7 Ubabizele kuye abalishumi elinababini, waqala ukubathuma ngababini, ngababini; wayebanika igunya koomoya abangcolileyo;	6:7 And he called unto him the twelve, and began to send them forth by two and two; and gave them power over unclean spirits;
6:8 wabathethela ngelithi, mabangaphathi nto yandlela, ibe ngumsimelelo wodwa; bangaphathi ngxowa, nasonka, namali embhinqweni;	6:8 And commanded them that they should take nothing for their journey, save a staff only; no scrip, no bread, no money in their purse:
6:9 bathi kodwa banxibe izixathula; bangambathi neengubo zangaphantsi ngambini.	6:9 But be shod with sandals; and not put on two coats.
6:10 Wayesithi kubo, Apho nithe nangena endlwini, hlalani khona nide nimke kuloo ndawo.	6:10 And he said unto them, In what place soever ye enter into an house, there abide till ye depart from that place.
6:11 Abo sukuba benganamkeli, benganiva nokuniva, nakuphuma kuloo ndawo, vuthululani uthuli oluphantsi kweenyawo zenu, kube bubungqina oko kubo. Inene ndithi kuni, Koba nokunyamezeleka okweSodom nokweGomora ngomhla womgwebo, kunokwaloo mzi.	6:11 And whosoever shall not receive you, nor hear you, when ye depart thence, shake off the dust under your feet for a testimony against them. Verily I say unto you, It shall be more tolerable for Sodom and Gomorrha in the day of judgment, than for that city.
6:12 Baphuma bavakalisa ukuba mabaguquke abantu.	6:12 And they went out, and preached that men should repent.
6:13 Bakhupha needemon ezininzi, bayithambisa ngeoli imilwelwe emininzi, beyiphilisa.	6:13 And they cast out many devils, and anointed with oil many that were sick, and healed them.
6:14 Ke kaloku wakuva oko ukumkani uHerode (kuba igama lakhe lalithe laduma); wayesithi, Uvukile kwabafileyo uYohane umbhaptizi; ngenxa yoko le misebenzi yamandla iyenzeka ngaye.	6:14 And king Herod heard of him; (for his name was spread abroad:) and he said, That John the Baptist was risen from the dead, and therefore mighty works do shew forth themselves in him.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
6:15 Baye abanye besithi, NguEliya; baye ke abanye besithi, Ngumprofeti, nokuba ufana nomnye wakubaprofeti.	6:15 Others said, That it is Elias. And others said, That it is a prophet, or as one of the prophets.
6:16 Ekuvile ke oko uHerode, wathi, Lo nguYohane, lowa ndamnqamla intloko mna; uvukile kwabafileyo.	6:16 But when Herod heard thereof, he said, It is John, whom I beheaded: he is risen from the dead.
6:17 Kuba uHerode ngokwakhe wabethe wathuma, wambamba uYohane, wambopha entolongweni, ngenxa kaHerodiya, umfazi kaFilipu umzalwana wakhe; kuba ebemzekile.	6:17 For Herod himself had sent forth and laid hold upon John, and bound him in prison for Herodias' sake, his brother Philip's wife: for he had married her.
6:18 Kuba wayesithi uYohane kuHerode, Akuvumelekile ukuba ube nomfazi womzalwana wakho.	6:18 For John had said unto Herod, It is not lawful for thee to have thy brother's wife.
6:19 Ke kaloku uHerodiya waba nenqala ngakuye, wafuna ukumbulala; kodwa akabanga nako;	6:19 Therefore Herodias had a quarrel against him, and would have killed him; but she could not:
6:20 kuba uHerode wayemoyika uYohane, emazi ukuba uyindoda elilungisa, engcwele, wayemgcinile; wayesithi ke akumva, enze iindawo ezininzi, amve kamnandi.	6:20 For Herod feared John, knowing that he was a just man and an holy, and observed him; and when he heard him, he did many things, and heard him gladly.
6:21 Kwathi, kwakufika umhla owamlungelayo uHerodiya, xeshikweni uHerode ngemini yokuzalwa kwakhe wayezenzela isidlo izidwangube zakhe, nabathetheli-waka, namanene elaseGalili,	6:21 And when a convenient day was come, that Herod on his birthday made a supper to his lords, high captains, and chief estates of Galilee;
6:22 yakubon' ukuba ingene intombi kaHerodiya lowo, yangqungqa, yamkholisa uHerode nabo babehleli ndawonye naye. Wathi ukumkani kwintombazana leyo, Ndicele into osukuba uyithanda; ndokupha.	6:22 And when the daughter of the said Herodias came in, and danced, and pleased Herod and them that sat with him, the king said unto the damsel, Ask of me whatsoever thou wilt, and I will give it thee.
6:23 Wayifungela ngelithi, Into othe wayicela kum ndokupha, kude kube kwisiqingatha sobukumkani bam.	6:23 And he sware unto her, Whatsoever thou shalt ask of me, I will give it thee, unto the half of my kingdom.
6:24 Iphumile ke yathi kunina, Ndicele ntoni na? Wathi ke yena, Intloko kaYohane umbhaptizi.	6:24 And she went forth, and said unto her mother, What shall I ask? And she said, The head of John the Baptist.
6:25 Yeza kungena kwaoko ngokungxama kuye ukumkani, yacela, isithi, Ndithanda ukuba undinike kalokunje ngesitya intloko kaYohane umbhaptizi.	6:25 And she came in straightway with haste unto the king, and asked, saying, I will that thou give me by and by in a charger the head of John the Baptist.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
6:26 Waba buhlungu kakhulu ukumkani; noko, ngenxa yezifungo zakhe, nangenxa yabo babehleli ndawonye naye, akathandanga kuyilandulela.	6:26 And the king was exceeding sorry; yet for his oath's sake, and for their sakes which sat with him, he would not reject her.
6:27 Uthe kwaoko ukumkani wasusa umsiki, wamthethela ngelithi, mayiziswe intloko yakhe. Wesuka waya ke lowo, wamnqumla intloko entolongweni.	6:27 And immediately the king sent an executioner, and commanded his head to be brought: and he went and beheaded him in the prison,
6:28 Wayizisa intloko yakhe ngesitya, wayinika intombazana leyo; yaza intombazana yayinika unina.	6:28 And brought his head in a charger, and gave it to the damsel: and the damsel gave it to her mother.
6:29 Bekuvile oko abafundi bakhe, beza basithabatha isidumbu sakhe, basibeka engcwabeni.	6:29 And when his disciples heard of it, they came and took up his corpse, and laid it in a tomb.
6:30 Bathi bahlanganisana abapostile kuYesu, bambikela iinto zonke, ezo babezenzile, kwanezo babezifundisile.	6:30 And the apostles gathered themselves together unto Jesus, and told him all things, both what they had done, and what they had taught.
6:31 Wathi kubo, Yizani nina ngasese kwindawo eyintlango, niphumle kancinane; kuba bebaninzi abezayo nabemkayo; babengenalo ke nethutyana lokuba badle.	6:31 And he said unto them, Come ye yourselves apart into a desert place, and rest a while: for there were many coming and going, and they had no leisure so much as to eat.
6:32 Bemka ngomkhombe ngasese, baya kwindawo eyintlango.	6:32 And they departed into a desert place by ship privately.
6:33 Isihlwele sababona bemka bathi abaninzi bamazi, babalekela khona ngeenyawo, bevela kuyo yonke imizi; babaphangela, bathuthelana kuye.	6:33 And the people saw them departing, and many knew him, and ran afoot thither out of all cities, and outwent them, and came together unto him.
6:34 Uthe ke akuphuma uYesu, wabona isihlwele esikhulu; wasikwa yimfesane ngabo, ngokuba babenjengezimvu ezingenamalusi; waqala ukubafundisa iindawo ezininzi.	6:34 And Jesus, when he came out, saw much people, and was moved with compassion toward them, because they were as sheep not having a shepherd: and he began to teach them many things.
6:35 Kuthi kwakubon' ukuba seyihambile kakhulu imini, beze kuye abafundi bakhe, bathi, Le ndawo iyintlango, nemini seyihambile kakhulu;	6:35 And when the day was now far spent, his disciples came unto him, and said, This is a desert place, and now the time is far passed:
6:36 bandulule bemke, baye emaphandleni ajikelezileyo nasemizaneni, bazithengele izonka; kuba bengenanto bangayidlayo.	6:36 Send them away, that they may go into the country round about, and into the villages, and buy themselves bread: for they have nothing to eat.
6:37 Waphendula wathi kubo, Bapheni nina badle. Bathi kuye, Simke na siye kuthenga izonka ngeedenariyo ezimakhulu mabini, sibaphe badle?	6:37 He answered and said unto them, Give ye them to eat. And they say unto him, Shall we go and buy two hundred pennyworth of bread, and give them to eat?

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
6:38 Uthi ke yena kubo, Izonka eninazo zingaphi na? Hambani niye kukhangela. Besazi, bathi, Zihlanu, neentlanzi ezimbini.	6:38 He saith unto them, How many loaves have ye? go and see. And when they knew, they say, Five, and two fishes.
6:39 Wabathethela ngelithi, mababangqengqise bonke, babe ziziqhu ngeziqhu engceni eluhlaza.	6:39 And he commanded them to make all sit down by companies upon the green grass.
6:40 Bahlala phantsi beziingcamba ngeengcamba ngamakhulu, nangamashumi ngamahlanu.	6:40 And they sat down in ranks, by hundreds, and by fifties.
6:41 Wazithabatha izonka zozihlanu neentlanzi zombini, wathi ekhangele ezulwini wasikelela, waziqhekeza izonka, wanika abafundi bakhe, ukuba babeke phambi kwabo; wathi neentlanzi zombini wazabela bona bonke.	6:41 And when he had taken the five loaves and the two fishes, he looked up to heaven, and blessed, and brake the loaves, and gave them to his disciples to set before them; and the two fishes divided he among them all.
6:42 Badla ke bonke bahlutha.	6:42 And they did all eat, and were filled.
6:43 Baza basusa izitya zizele ngamaqhekeza zalishumi elinazibini, basusa nakwiintlanzi.	6:43 And they took up twelve baskets full of the fragments, and of the fishes.
6:44 Baye abo babezidla izonka ezo bekumawaka omahlanu amadoda.	6:44 And they that did eat of the loaves were about five thousand men.
6:45 Wabanyanzela kwaoko abafundi bakhe ukuba bangene emkhombeni, bamandulele baye ngaphesheya eBethesayida, lo gama asindululayo isihlwele yena.	6:45 And straightway he constrained his disciples to get into the ship, and to go to the other side before unto Bethsaida, while he sent away the people.
6:46 Akuba ebulisene nabo, wemka waya kuthandaza entabeni.	6:46 And when he had sent them away, he departed into a mountain to pray.
6:47 Ke kaloku, kwakuhlwa, umkhombe ubuphakathi elwandle, waye yena eyedwa emhlabeni.	6:47 And when even was come, the ship was in the midst of the sea, and he alone on the land.
6:48 Wababona bebulaleka ekuqhubeni; kuba umoya ububavele ngaphambili. Athi ngolwesine ulindo lobusuku eze kubo, ehamba phezu kolwandle; wanga uza kugqitha kubo.	6:48 And he saw them toiling in rowing; for the wind was contrary unto them: and about the fourth watch of the night he cometh unto them, walking upon the sea, and would have passed by them.
6:49 Bathi ke, bakumbona ehamba phezu kolwandle, baba ngumshologu, bakhala;	6:49 But when they saw him walking upon the sea, they supposed it had been a spirit, and cried out:
6:50 kuba bonke bambona, bakhathazeka. Wathetha kwaoko nabo, wathi kubo, Yomelelani; ndim; musani ukoyika.	6:50 For they all saw him, and were troubled. And immediately he talked with them, and saith unto them, Be of good cheer: it is I; be not afraid.
6:51 Wenyuka waya kubo emkhombeni, wadamba umoya. Bathi nqa ngaphakathi kwabo ngokuncamisileyo kunene, bamangaliswa;	6:51 And he went up unto them into the ship; and the wind ceased: and they were sore amazed in themselves beyond measure, and wondered.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
6:52 kuba bengakuqondanga okwezonka; kuba intliziyo yabo yabe iqaqadekile.	6:52 For they considered not the miracle of the loaves: for their heart was hardened.
6:53 Bakuphumela, bafika ezweni laseGenesarete, batsalela elunxwemeni.	6:53 And when they had passed over, they came into the land of Gennesaret, and drew to the shore.
6:54 Bakuphuma emkhombeni, bamazi kwaoko abantu;	6:54 And when they were come out of the ship, straightway they knew him,
6:55 bawubaleka wonke loo mmandla, baqala ukubathwala ngeenkuko abafayo, bebasa apho babemva ukuba ukhona.	6:55 And ran through that whole region round about, and began to carry about in beds those that were sick, where they heard he was.
6:56 Nalapho sukuba ebengena khona, nokuba kusemzaneni, nokuba kusemzini, nokuba kusemaphandleni, babesithi, bababeke abafayo ezindaweni zembutho, bambongoze ukuba khe bachukumise intshinga yengubo yakhe. Baye ke besindiswa abasukuba bemchukumisa.	6:56 And whithersoever he entered, into villages, or cities, or country, they laid the sick in the streets, and besought him that they might touch if it were but the border of his garment: and as many as touched him were made whole.
Mark 7	Mark 7
7:1 Kwahlanganisana kuye abafarisi, nabathile kubabhali, bevela eYerusalem;	7:1 Then came together unto him the Pharisees, and certain of the scribes, which came from Jerusalem.
7:2 bathi, bakubona abathile kubafundi bakhe besidla isonka ngezandla eziziinqambi, oko kukuthi ngezingahlanjwanga, basuka basola.	7:2 And when they saw some of his disciples eat bread with defiled, that is to say, with unwashed hands, they found fault.
7:3 Kuba abafarisi namaYuda onke abadli, ukuba abakhanga bazihlambe izandla kunene, bebambe isithethe samanyange.	7:3 For the Pharisees, and all the Jews, except they wash their hands oft, eat not, holding the tradition of the elders.
7:4 Nokuba bavela endaweni yembutho, abadli bengakhanga bahlambe; zikho nezinye izinto ezininzi, abazamkele ukuba bazibambe, ezinjengeentlambo zeendebe, neebhekile, nezitya zobhedu, nezingqengqelo.	7:4 And when they come from the market, except they wash, they eat not. And many other things there be, which they have received to hold, as the washing of cups, and pots, brasen vessels, and of tables.
7:5 Bandula bambuza abafarisi nababhali, besithi, Kungani na ukuba abafundi bakho bangahambi ngokwesithethe samanyange, le nto badla isonka ngezandla ezingahlanjwanga?	7:5 Then the Pharisees and scribes asked him, Why walk not thy disciples according to the tradition of the elders, but eat bread with unwashed hands?
7:6 Waphendula ke wathi kubo, Watyapha uIsaya ukuprofeta ngani, bahanahanisi, njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Aba bantu bandibeka ngomlomo, Kanti yona intliziyo yabo ikude lee kum.	7:6 He answered and said unto them, Well hath Esaias prophesied of you hypocrites, as it is written, This people honoureth me with their lips, but their heart is far from me.
7:7 Bafumana ke bendihlonela, Befundisa iimfundiso eziyimithetho yabantu.	7:7 Howbeit in vain do they worship me, teaching for doctrines the commandments of men.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
7:8 Kuba nithi, niwuyeka okaThixo umthetho, nibambe isithethe sabantu esinjengeentlambo zeebhokile neendebe; naye nizenza nezinye izinto ezininzi ezinjengezo.	7:8 For laying aside the commandment of God, ye hold the tradition of men, as the washing of pots and cups: and many other such like things ye do.
7:9 Wayesithi kubo, Natyapha kambe niwutshitshise umthetho kaThixo, ukuze nisigcine isithethe senu.	7:9 And he said unto them, Full well ye reject the commandment of God, that ye may keep your own tradition.
7:10 Kuba uMoses wathi, Beka uyihlo nonyoko; wathi kanjalo, Omthethela kakubi uyise, nokuba ngunina, makafe ukufa;	7:10 For Moses said, Honour thy father and thy mother; and, Whoso curseth father or mother, let him die the death:
7:11 ke nina nithi, Ukuba umntu uthi kuyise nokuba kukunina, Ingumsondezo, oko kukuthi, ingumnikelo kuThixo into ongewuba uncedwa ngayo ndim, ukholisile;	7:11 But ye say, If a man shall say to his father or mother, It is Corban, that is to say, a gift, by whatsoever thou mightest be profited by me; he shall be free.
7:12 ningabi samvumela ukuba amenzele nto, nokuba nguyise nokuba ngunina;	7:12 And ye suffer him no more to do ought for his father or his mother;
7:13 niliphanga igunya ilizwi likaThixo ngesithethe senu enasinikelayo, naye nizenza izinto ezininzi ezinjengezo.	7:13 Making the word of God of none effect through your tradition, which ye have delivered: and many such like things do ye.
7:14 Wayibizela kuye yonke indimbane, wathi kubo, Phulaphulani kum nonke, niqonde:	7:14 And when he had called all the people unto him, he said unto them, Hearken unto me every one of you, and understand:
7:15 akukho nto ingaphandle komntu ethi ingena kuye ibe nako ukumenza inqambi; zizinto eziphumayo kuye ezimenza inqambi umntu.	7:15 There is nothing from without a man, that entering into him can defile him: but the things which come out of him, those are they that defile the man.
7:16 Ukuba ubani uneendlebe zokuva, makeve.	7:16 If any man have ears to hear, let him hear.
7:17 Baye ke, xa ebengene endlwini, evela kuyo indimbane, bembuza abafundi bakhe umzekeliso lowo.	7:17 And when he was entered into the house from the people, his disciples asked him concerning the parable.
7:18 Athi kubo, Nikwanje nani na ukuswela ingqondo? Aniqiqi na, ukuba konke okungaphandle, okuthi kungene emntwini, akunako ukumenza inqambi?	7:18 And he saith unto them, Are ye so without understanding also? Do ye not perceive, that whatsoever thing from without entereth into the man, it cannot defile him;
7:19 Ngokuba akungeni khona entliziyweni yakhe; kungena esiswini; ize kuphume kuye endaweni esese, ezihlambululayo zonke izidlo.	7:19 Because it entereth not into his heart, but into the belly, and goeth out into the draught, purging all meats?
7:20 Wayesithi ke, Into ephumayo emntwini, yiyo leyo emenza inqambi umntu;	7:20 And he said, That which cometh out of the man, that defileth the man.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
7:21 kuba ngaphakathi, kuyo intliziyo yomntu, kuphuma izicamango ezibi, ookukrexeza, oomibulo, ookubulala,	7:21 For from within, out of the heart of men, proceed evil thoughts, adulteries, fornications, murders,
7:22 oobusela, ookubawa, okungendawo, iinkohliso, uburheletyo, umona, ukunyelisa, ukukratsha, ukuswela kuqonda;	7:22 Thefts, covetousness, wickedness, deceit, lasciviousness, an evil eye, blasphemy, pride, foolishness:
7:23 zonke ezi zinto zingendawo ziphuma ngaphakathi, zimenze inqambi umntu.	7:23 All these evil things come from within, and defile the man.
7:24 Esukile apho ke, waya emideni yaseTire neyaseTsidon. Wangena endlwini, wanga akungaziwa mntu; akaba nako ukufihlakala noko.	7:24 And from thence he arose, and went into the borders of Tyre and Sidon, and entered into an house, and would have no man know it: but he could not be hid.
7:25 Kuba yathi yakumva intokazi entombazana ibinomoya ongcolileyo, yafika yawa ezinyaweni zakhe;	7:25 For a certain woman, whose young daughter had an unclean spirit, heard of him, and came and fell at his feet:
7:26 yaye ke kaloku intokazi leyo ingumGrikekazi, umSirofenikikazi ngokuzalwa. Yacela kuye ukuba ayikhuphe idemon entombini yayo.	7:26 The woman was a Greek, a Syrophenician by nation; and she besought him that he would cast forth the devil out of her daughter.
7:27 Uthe ke uYesu kuyo, Khawuyeke kuhluthe abantwana kuqala; kuba akukuhle ukusithabatha isonka sabantwana, siphoswe ezinjaneni.	7:27 But Jesus said unto her, Let the children first be filled: for it is not meet to take the children's bread, and to cast it unto the dogs.
7:28 Yaphendula ke yathi kuye, Ewe, Nkosi; kuba nazo iinjana phantsi kwetafile zidla kwiimvuthuluka zabantwana.	7:28 And she answered and said unto him, Yes, Lord: yet the dogs under the table eat of the children's crumbs.
7:29 Wathi kuyo, Ngenxa yelo zwi, hamba; idemon iphumile entombini yakho.	7:29 And he said unto her, For this saying go thy way; the devil is gone out of thy daughter.
7:30 Yesuka yaya endlwini yayo, yafumana iphumile idemon, intombi ilele phezu kwesi ngqengqelo.	7:30 And when she was come to her house, she found the devil gone out, and her daughter laid upon the bed.
7:31 Uthe wabuya waphuma emideni yaseTire neyaseTsidon, weza kulwandle lwaseGalili, ecanda phakathi kwemida yaseDecapoli.	7:31 And again, departing from the coasts of Tyre and Sidon, he came unto the sea of Galilee, through the midst of the coasts of Decapolis.
7:32 Bazisa ke isithulu esithintithayo, bambongoza ukuba abeke isandla phezu kwaso.	7:32 And they bring unto him one that was deaf, and had an impediment in his speech; and they beseech him to put his hand upon him.
7:33 Wasishenxisa esihlweleni sasodwa, wafaka iminwe yakhe ezindlebeni zaso, wathi etshicile, wachukumisa ulwimi lwaso,	7:33 And he took him aside from the multitude, and put his fingers into his ears, and he spit, and touched his tongue;
7:34 wakhangelela ezulwini, wancwina, wathi kuso, Efata, oko kukuthi, Vuleka.	7:34 And looking up to heaven, he sighed, and saith unto him, Ephphatha, that is, Be opened.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
7:35 Zavuleka kwaoko iindlebe zaso, zacombuluka iingqambu zolwimi lwaso, sathetha salungisa.	7:35 And straightway his ears were opened, and the string of his tongue was loosed, and he spake plain.
7:36 Wabayala ukuba mabangaxeleli bani; kodwa okukhona wabayalayo, kwaba kukhona bakuvakalisa ngakumbi.	7:36 And he charged them that they should tell no man: but the more he charged them, so much the more a great deal they published it;
7:37 Bakhwankqiswa ngokuncamisileyo kanye, besithi, Uzenze iinto zonke kakuhle; uzenza nezithulu zive, nabangenakuthetha bathethe.	7:37 And were beyond measure astonished, saying, He hath done all things well: he maketh both the deaf to hear, and the dumb to speak.
Mark 8	Mark 8
8:1 Ngaloo mihla, sakuba sikhulu kakhulu isihlwele, singenanto singayidlayo, wababizela kuye abafundi bakhe uYesu, athi kubo,	8:1 In those days the multitude being very great, and having nothing to eat, Jesus called his disciples unto him, and saith unto them,
8:2 Ndisikwa yimfesane ngenxa yesihlwele; ngokuba sekuntsuku ntathu behleli nam, bengenanto bangayidlayo;	8:2 I have compassion on the multitude, because they have now been with me three days, and have nothing to eat:
8:3 ukuba ndithe ndabandulula baya emakhayeni abo bengadlanga, botyhafa endleleni; kuba inxenye yabo ivela kude.	8:3 And if I send them away fasting to their own houses, they will faint by the way: for divers of them came from far.
8:4 Bamphendula abafundi bakhe, besithi, Wokuzuza phi na umntu ukuba nako ukubahluthisa aba ngezonka, entlango apha?	8:4 And his disciples answered him, From whence can a man satisfy these men with bread here in the wilderness?
8:5 Wayebabuza esithi, Zingaphi na izonka eninazo? Bathi ke bona, Zisixhenxe.	8:5 And he asked them, How many loaves have ye? And they said, Seven.
8:6 Wasithethela isihlwele ukuba sihlale phantsi emhlabeni. Wazithabatha izonka zosixhenxe, wabulela, waqhekeza, wanika abafundi bakhe, ukuze babeke phambi kwabo; babeka ke phambi kwaso isihlwele.	8:6 And he commanded the people to sit down on the ground: and he took the seven loaves, and gave thanks, and brake, and gave to his disciples to set before them; and they did set them before the people.
8:7 Baye beneentlanzana ezimbalwa; akuba esikelele, wathi mazibekwe phambi kwabo nazo.	8:7 And they had a few small fishes: and he blessed, and commanded to set them also before them.
8:8 Badla ke bahlutha; basusa amaqhekeza aseleyo, iingobozi zasixhenxe.	8:8 So they did eat, and were filled: and they took up of the broken meat that was left seven baskets.
8:9 Ke kaloku abo babesidla ngathi babemawaka mane; wabandulula.	8:9 And they that had eaten were about four thousand: and he sent them away.
8:10 Wangena kwaoko emkhombeni, nabafundi bakhe, weza emacaleni aseDalmanuta.	8:10 And straightway he entered into a ship with his disciples, and came into the parts of Dalmanutha.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
8:11 Baphuma abaFarisi baqala ukubuzana naye, befuna kuye umqondiso ovela emazulwini, bemlinga.	8:11 And the Pharisees came forth, and began to question with him, seeking of him a sign from heaven, tempting him.
8:12 Encwinile kanzulu ngomoya wakhe, athi, Yini na ukuba esi sizukulwana singxamele umqondiso? Inene ndithi kuni, Unakanye ukuba sinikwe umqondiso esi sizukulwana singxamele umqondiso? Inene ndithi kuni, Unakanye ukuba sinikwe umqondiso esi sizukulwana.	8:12 And he sighed deeply in his spirit, and saith, Why doth this generation seek after a sign? verily I say unto you, There shall no sign be given unto this generation.
8:13 Wabashiya, wabuya wangena emkhombeni, wemka waya ngaphesheya.	8:13 And he left them, and entering into the ship again departed to the other side.
8:14 Baye belibele ukuphatha izonka; babengenanto banayo emkhombeni, ngaphandle kwesonka esinye.	8:14 Now the disciples had forgotten to take bread, neither had they in the ship with them more than one loaf.
8:15 Wabayala esithi, Ligqaleni, nililumkele, igwele labaFarisi, negwele likaHerode.	8:15 And he charged them, saying, Take heed, beware of the leaven of the Pharisees, and of the leaven of Herod.
8:16 Baye became besitshono ukuthi, Kungokuba singenazonka.	8:16 And they reasoned among themselves, saying, It is because we have no bread.
8:17 Ekwazi oko uYesu, athi kubo, Yini na ukuba nicamange, ngokuba ningenazonka? Anikaqiqi na, anikaqondi na? Isaqaqadekile na intliziyo yenu?	8:17 And when Jesus knew it, he saith unto them, Why reason ye, because ye have no bread? perceive ye not yet, neither understand? have ye your heart yet hardened?
8:18 Ninamehlo nje, aniboni na? Nineendlebe nje, aniva na? Anikhumbuli na?	8:18 Having eyes, see ye not? and having ears, hear ye not? and do ye not remember?
8:19 Okuya ndaqhekezela amawaka amahlanu izonka ezihlanu, zaye zingaphi na izitya ezizele ngamaqhekeza enazisusayo? Bathi kuye, Zazilishumi elinazibini.	8:19 When I brake the five loaves among five thousand, how many baskets full of fragments took ye up? They say unto him, Twelve.
8:20 Okuya ke ezisixhenxe ndaziqhekezela amawaka amane, zazingaphi na iingobozi zizele ngamaqhekeza enazisusayo? Bathi ke, Zazisixhenxe.	8:20 And when the seven among four thousand, how many baskets full of fragments took ye up? And they said, Seven.
8:21 Wayesithi kubo, Phofu yini na ukuba ningaqondi?	8:21 And he said unto them, How is it that ye do not understand?
8:22 Uthi aze kufika eBethesayida; bazise imfama kuye, bambongoze ukuba ayichukumise.	8:22 And he cometh to Bethsaida; and they bring a blind man unto him, and besought him to touch him.
8:23 Uthe, eyibambe ngesandla imfama, wayirholela ngaphandle komzi; watshica emehlweni ayo, wabeka izandla phezu kwayo, wayibuza ukuba ibona nto na?	8:23 And he took the blind man by the hand, and led him out of the town; and when he had spit on his eyes, and put his hands upon him, he asked him if he saw ought.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
8:24 Yaza yakhangela phezulu yathi, Ndiyababona abantu; kuba ndibanakana behamba, ngathi yimithi.	8:24 And he looked up, and said, I see men as trees, walking.
8:25 Wabuya wazibeka izandla phezulu kwamehlo ayo, wayikhangelisa phezulu; yabuya yaphila, yababona bonke kakuhle.	8:25 After that he put his hands again upon his eyes, and made him look up: and he was restored, and saw every man clearly.
8:26 Uthi ayithumele endlwini yayo, esithi, Uze ungangeni kuwo umzi, ungathethi nakubani kuwo umzi.	8:26 And he sent him away to his house, saying, Neither go into the town, nor tell it to any in the town.
8:27 Waphuma uYesu nabafundi bakhe, waya emizini yaseKesareya kaFilipu; waye endleleni ebabuza abafundi bakhe, esithi kubo, Kuthiwa ngabantu ndingubani na mna?	8:27 And Jesus went out, and his disciples, into the towns of Caesarea Philippi: and by the way he asked his disciples, saying unto them, Whom do men say that I am?
8:28 Baphendula ke bona ngokuthi, Bathi unguYohane umbhaptizi; abanye bathi unguEliya; bambi ke bathi ungomnye wabaprofeti.	8:28 And they answered, John the Baptist; but some say, Elias; and others, One of the prophets.
8:29 Athi yena kubo, Ke nina nithi ndingubani na? Apendule ke uPetros athi kuye, Wena unguye uKristu.	8:29 And he saith unto them, But whom say ye that I am? And Peter answereth and saith unto him, Thou art the Christ.
8:30 Wabakhalimela ukuba bangaxeleli bani ngaye.	8:30 And he charged them that they should tell no man of him.
8:31 Waqala ukubafundisa, okokuba uNyana woMntu umelwe kukuba eve ubunzima obukhulu, alahlwe ngawo amadoda amakhulu nababingeleli abakhulu nababhali, abulawe, athi emveni kweentsuku ezintathu abuye avuke.	8:31 And he began to teach them, that the Son of man must suffer many things, and be rejected of the elders, and of the chief priests, and scribes, and be killed, and after three days rise again.
8:32 Elo zwi wayelithetha ngokungafihlisiyo. UPetros wamthabathela kuye, waqala ukumkhalimela.	8:32 And he spake that saying openly. And Peter took him, and began to rebuke him.
8:33 Uthe ke yena, ejikile, wabakhangela abafundi bakhe, wamkhalimela uPetros, esithi, Suka uye emva kwam, Sathana; ngokuba ungazinyamekeli ezikaThixo izinto, unyamekele ezabantu.	8:33 But when he had turned about and looked on his disciples, he rebuked Peter, saying, Get thee behind me, Satan: for thou savourest not the things that be of God, but the things that be of men.
8:34 Esibizele kuye isihlwele, kwanabafundi bakhe, wathi kubo, Osukuba ethanda ukundilandela, makazincame, awuthwale umnqamlezo wakhe, andilandele ke.	8:34 And when he had called the people unto him with his disciples also, he said unto them, Whosoever will come after me, let him deny himself, and take up his cross, and follow me.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
8:35 Kuba othe wathanda ukuwusindisa umphefumlo wakhe, wolahlekelwa nguwo; ke yena othe wawulahla umphefumlo wakhe ngenxa yam, nangenxa yeendaba ezilungileyo ezi, wowusindisa.	8:35 For whosoever will save his life shall lose it; but whosoever shall lose his life for my sake and the gospel's, the same shall save it.
8:36 Kuba komnceda ntoni na umntu, ukuba uthe walizuzwa ihlabathi liphela, waza wonakalelwa ngumphefumlo wakhe?	8:36 For what shall it profit a man, if he shall gain the whole world, and lose his own soul?
8:37 Okanye worhola ntoni na umntu, ibe sisananelo somphefumlo wakhe?	8:37 Or what shall a man give in exchange for his soul?
8:38 Kuba othe waneentloni ngam nangamazwi am, kwesi sizukulwana sikrexezayo, sonayo, naye uNyana woMntu woba neentloni ngaye, xa athe weza esebuqaqawulini boYise, enezithunywa ezingcwele.	8:38 Whosoever therefore shall be ashamed of me and of my words in this adulterous and sinful generation; of him also shall the Son of man be ashamed, when he cometh in the glory of his Father with the holy angels.
Mark 9	Mark 9
9:1 Wayesithi kubo, Inene ndithi kuni, Kukho abathile kwabemiyo apha, abangayi kukha beve kufa bona, bade babubone ubukumkani bukaThixo busiza ngamandla.	9:1 And he said unto them, Verily I say unto you, That there be some of them that stand here, which shall not taste of death, till they have seen the kingdom of God come with power.
9:2 Uthi uYesu, emveni kweentsuku ezintandathu, athabathe uPetros noYakobi noYohane, abanyuse baye entabeni ende ngasese, bebodwa. Waza wenziwa wakumila kumbi phambi kwabo.	9:2 And after six days Jesus taketh with him Peter, and James, and John, and leadeth them up into an high mountain apart by themselves: and he was transfigured before them.
9:3 Zasuka neengubo zakhe zabengezela, zamhlophe kunene njengekhephu, ekungekho mchazi wangubo emhlabeni apha unako ukuzenza mhlophe kangako.	9:3 And his raiment became shining, exceeding white as snow; so as no fuller on earth can white them.
9:4 Kwabonakala kubo uEliya enoMoses; baye bethetha noYesu.	9:4 And there appeared unto them Elias with Moses: and they were talking with Jesus.
9:5 Uthi aphendule uPetros athi kuYesu, Rabhi, kuhle ukuba sibe lapha; masenze iminquba ibe mithathu, omnye ube ngowakho, omnye ube ngokaMoses, omnye ube ngokaEliya.	9:5 And Peter answered and said to Jesus, Master, it is good for us to be here: and let us make three tabernacles; one for thee, and one for Moses, and one for Elias.
9:6 Kuba ubengayazi into abengayithethayo; kuba bebesoyika kakhulu.	9:6 For he wist not what to say; for they were sore afraid.
9:7 Kwabakho ilifu elibenzela ithinzi; kweza nezwi liphuma efini apho, lisithi, Lo nguNyana wam oyintanda; mveni yena.	9:7 And there was a cloud that overshadowed them: and a voice came out of the cloud, saying, This is my beloved Son: hear him.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
9:8 Bakuthi ukusingasinga, ababa sabona mntu, babona selinguYesu yedwa onabo.	9:8 And suddenly, when they had looked round about, they saw no man any more, save Jesus only with themselves.
9:9 Ke kaloku, bakubon' ukuba bayehla entabeni apho, wabayala ukuba bangazityeli bani ezo zinto bazibonileyo, kungaba kude kube kuxa athe wavuka kwabafileyo uNyana woMntu.	9:9 And as they came down from the mountain, he charged them that they should tell no man what things they had seen, till the Son of man were risen from the dead.
9:10 Elo zwi balibamba lakubo bodwa bebuzana ukuba ukuvuka kubo abafileyo kukuthini na.	9:10 And they kept that saying with themselves, questioning one with another what the rising from the dead should mean.
9:11 Baye bembuza besithi, Bathini na ababhali, ukuthi uEliya umelwe kukufika tanci?	9:11 And they asked him, saying, Why say the scribes that Elias must first come?
9:12 Uphendule ke wathi kubo, UEliya okunene, efike tanci, wobuya azimise zonke izinto; wabaxelela nokokuba kuthiweni na ukubhalwa ngaye uNyana woMntu, ukuba ufanele ukuva ubunzima obukhulu, enziwe into engento yanto.	9:12 And he answered and told them, Elias verily cometh first, and restoreth all things; and how it is written of the Son of man, that he must suffer many things, and be set at nought.
9:13 Ke ndithi kuni, Ufikile uEliya, baza benza kuye konke abakuthandayo, kwanjengoko kubhaliweyo ngaye.	9:13 But I say unto you, That Elias is indeed come, and they have done unto him whatsoever they listed, as it is written of him.
9:14 Akufika kubafundi, wabona isihlwele esikhulu sibaphahlile, nababhali bebuzana nabo.	9:14 And when he came to his disciples, he saw a great multitude about them, and the scribes questioning with them.
9:15 Sathi kwaoko sonke isihlwele sakumbona saqhiphuka umbilini; beza kuye ngokubaleka, bambulisa.	9:15 And straightway all the people, when they beheld him, were greatly amazed, and running to him saluted him.
9:16 Wababuza ababhali, esithi, Nibuzana ntoni na nabo?	9:16 And he asked the scribes, What question ye with them?
9:17 Waphendula omnye wasesihlweleni wathi, Mfundisi, bendizise unyana wam kuwe, enomoya ongathethiyo;	9:17 And one of the multitude answered and said, Master, I have brought unto thee my son, which hath a dumb spirit;
9:18 apho uthe wamqubula khona, uyamntlala, aze alephuze amagwebu, atshixize amazinyo akhe, asuke ome; ndithethe kubafundi bakho ukuba bawukhuphe; bakhohlwa.	9:18 And wheresoever he taketh him, he teareth him: and he foameth, and gnasheth with his teeth, and pineth away: and I spake to thy disciples that they should cast him out; and they could not.
9:19 Amphendule ke yena athi, Sizukulwanandini singakholwayo, koda kube nini na ndikuni? Koda kube nini na ndininyamezele? Mziseni kum.	9:19 He answereth him, and saith, O faithless generation, how long shall I be with you? how long shall I suffer you? bring him unto me.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
9:20 Bamzisa kuye. Akumbona, wesuka kwaoko umoya, wambetha wee xhwenene; wawa emhlabeni, wamana eqikaqikeka, elephuza amagwebu.	9:20 And they brought him unto him: and when he saw him, straightway the spirit tare him; and he fell on the ground, and wallowed foaming.
9:21 Wabuza kuyise, ukuba kungama ungakanani na imhile le nto. Wathi ke yena, Kwaesengumntwana;	9:21 And he asked his father, How long is it ago since this came unto him? And he said, Of a child.
9:22 umphose futhi emlilweni, kwanasemanzini, ukuba umtshabalalise; ukuba unako ukwenza into, sisize, usikwe yimfesane sithi.	9:22 And ofttimes it hath cast him into the fire, and into the waters, to destroy him: but if thou canst do any thing, have compassion on us, and help us.
9:23 Wathi ke uYesu kuye, Ewe, ukuba unokukholwa! Zonke izinto zinokwenzeka kuye okholwayo.	9:23 Jesus said unto him, If thou canst believe, all things are possible to him that believeth.
9:24 Wakhala kwaoko uyise womntwana lowo, wathi eneenyembezi, Ndiyakholwa, Nkosi; siza, ususe ukungakholwa kwam.	9:24 And straightway the father of the child cried out, and said with tears, Lord, I believe; help thou mine unbelief.
9:25 Uthe ke uYesu, ebone ukuba isihlwele sibalekela ndaweni-nye, wawukhalimela umoya ongcolileyo, esithi kuwo, Moyandini ungathethiyo usithulu, mna ndiyakuthethela, phuma kuye, ungabi sangena kuye.	9:25 When Jesus saw that the people came running together, he rebuked the foul spirit, saying unto him, Thou dumb and deaf spirit, I charge thee, come out of him, and enter no more into him.
9:26 Wakhala wona, wambetha wee xhwenene kunene, waphuma; waba njengofileyo, bada abaninzi bathi, Ufile.	9:26 And the spirit cried, and rent him sore, and came out of him: and he was as one dead; insomuch that many said, He is dead.
9:27 Uthe ke uYesu wambamba ngesandla, wamvusa; wesuka wema.	9:27 But Jesus took him by the hand, and lifted him up; and he arose.
9:28 Eye kungena endlwini, bambuza abafundi bakhe ngasese, besithi, Yayiyini na ukuba singabi nako ukuwukhupha thina?	9:28 And when he was come into the house, his disciples asked him privately, Why could not we cast him out?
9:29 Wathi kubo, Olu lona uhlobo alunako ukuphuma nganto, kungengako ukuthandaza nokuzila ukudla.	9:29 And he said unto them, This kind can come forth by nothing, but by prayer and fasting.
9:30 Bephumile apho, babehamba becanda kwelaseGalili; wayengathandi ukuba kwazi bani;	9:30 And they departed thence, and passed through Galilee; and he would not that any man should know it.
9:31 kuba wayebafundisa abafundi bakhe, esithi kubo, UNyana woMntu unikelwa ezandleni zabantu; baya kumbulala; uya kuthi ebulewe, abuye avuke ngomhla wesithathu.	9:31 For he taught his disciples, and said unto them, The Son of man is delivered into the hands of men, and they shall kill him; and after that he is killed, he shall rise the third day.
9:32 Baye bengakuqondi oko kuthetha; baye besoyika nokumbuza.	9:32 But they understood not that saying, and were afraid to ask him.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
9:33 Weza kufika eKapernahum. Akuba esekhaya, wayebabuza esithi, Nibe nicamanga ntoni na phakathi kwenu endleleni?	9:33 And he came to Capernaum: and being in the house he asked them, What was it that ye disputed among yourselves by the way?
9:34 Bahlala ke bathi tu; kuba endleleni babephikisene ngokuthi, Ngubani na omkhulu kunabanye?	9:34 But they held their peace: for by the way they had disputed among themselves, who should be the greatest.
9:35 Akuba ehleli phantsi, wababiza abalishumi elinababini, wathi kubo, Ukuba ubani uthanda ukuba ngowokuqala, woba ngowokugqibela kwabo bonke, nomlungiseleli wabo bonke.	9:35 And he sat down, and called the twelve, and saith unto them, If any man desire to be first, the same shall be last of all, and servant of all.
9:36 Uthabathe umntwana, wammisa phakathi kwabo; emwolile, wathi kubo,	9:36 And he took a child, and set him in the midst of them: and when he had taken him in his arms, he said unto them,
9:37 Othe wamkela noko amnye wabantwana abanje, egameni lam, wamkela mna; nothe wamkela mna, akamkeli mna, wamkela lowo wandithumayo.	9:37 Whosoever shall receive one of such children in my name, receiveth me: and whosoever shall receive me, receiveth not me, but him that sent me.
9:38 Ke kaloku uYohane wamphendula, esithi, Mfundisi, sabona umntu ekhupha iidemon egameni lakho, ongasilandeliyo thina; samalela ke, ngokuba engasilandeli thina.	9:38 And John answered him, saying, Master, we saw one casting out devils in thy name, and he followeth not us: and we forbad him, because he followeth not us.
9:39 Wathi ke uYesu, Musani ukumalela; kuba akukho namnye uya kwenza umsebenzi wamandla egameni lam, aze ahle abe nako ukuthetha kakubi ngam.	9:39 But Jesus said, Forbid him not: for there is no man which shall do a miracle in my name, that can lightly speak evil of me.
9:40 Kuba ongachaseneyo nathi, ungecala lethu.	9:40 For he that is not against us is on our part.
9:41 Kuba othe waniseza nendebe le yamanzi egameni lam, ngokuba ningabakaKristu, inene ndithi kuni, akasayi kuphulukana nomvuzo wakhe.	9:41 For whosoever shall give you a cup of water to drink in my name, because ye belong to Christ, verily I say unto you, he shall not lose his reward.
9:42 Nothe wakhubekisa noko amnye wabancinane abakholwayo kum, ngekumlungele kanye ukuba ubegangxwe ilitye lokusila entanyeni yakhe, waphoswa elwandle.	9:42 And whosoever shall offend one of these little ones that believe in me, it is better for him that a millstone were hanged about his neck, and he were cast into the sea.
9:43 Nokuba ke isandla sakho sithe sakukhubekisa, siqamle sona; kukulungele kanye ukuba ungene ebomini usisilima, kunokuba uthi, unezandla zozibini, umke uye esihogweni, emlilweni ongacimekiyo,	9:43 And if thy hand offend thee, cut it off: it is better for thee to enter into life maimed, than having two hands to go into hell, into the fire that never shall be quenched:
9:44 apho kumpethu ingafiyo, kumlilo ungacinywayo.	9:44 Where their worm dieth not, and the fire is not quenched.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
9:45 Nokuba unyawo lwakho luthle lwakhubekisa, lunqamle lona; kukulungele kanye ukuba ungene ebomini usisiqhwalala, kunokuba uthi, uneenyawo zombini, uphoswe esihogweni, emlilweni ongacimekiyo,	9:45 And if thy foot offend thee, cut it off: it is better for thee to enter halt into life, than having two feet to be cast into hell, into the fire that never shall be quenched:
9:46 apho kumpethu ingafiyo, kumlilo ungacinywayo.	9:46 Where their worm dieth not, and the fire is not quenched.
9:47 Nokuba iliso lakho lithe lakukhubekisa, likhuphe lona; kukulungele kanye ukungena ebukumkanini bukaThixo unaliso linye, kunokuba uthi, unamehlo amabini, uphoswe esihogweni somlilo,	9:47 And if thine eye offend thee, pluck it out: it is better for thee to enter into the kingdom of God with one eye, than having two eyes to be cast into hell fire:
9:48 apho kumpethu ingafiyo, kumlilo ungacinywayo.	9:48 Where their worm dieth not, and the fire is not quenched.
9:49 Kuba bonke baya kugalelwa ityuwa ngomlilo, athi onke amadini agalelwe ityuwa ngetyuwa.	9:49 For every one shall be salted with fire, and every sacrifice shall be salted with salt.
9:50 Ityuwa ilungile yona; ke ukuba ithe ityuwa ayaba nabutyuwa, noyivakalisa ngantoni na? Yibani netyuwa phakathi kwenu, nihlale ninoxolo omnye komnye.	9:50 Salt is good: but if the salt have lost his saltness, wherewith will ye season it? Have salt in yourselves, and have peace one with another.
Mark 10	Mark 10
10:1 Esukile apho, uze kungena emideni yakwaYuda, ecanda kweliphesheya kweYordan. Kubuya kuhlanguaniselane izihlwele kuye; ubesithi ke, njengoko ebeqhele ngako, abuye azifundise.	10:1 And he arose from thence, and cometh into the coasts of Judaea by the farther side of Jordan: and the people resort unto him again; and, as he was wont, he taught them again.
10:2 Bafika abaFarisi, bambuza ukuba kuvumelekile na ukuba indoda imale umfazi wayo; batsho bemlinga.	10:2 And the Pharisees came to him, and asked him, Is it lawful for a man to put away his wife? tempting him.
10:3 Waphendula ke wathi kubo, UMoses waniwisela mthetho mni na?	10:3 And he answered and said unto them, What did Moses command you?
10:4 Bathi bona, UMoses wakuvumela ukubhala incwadi yokwahlukana, nokumala.	10:4 And they said, Moses suffered to write a bill of divorcement, and to put her away.
10:5 Waphendula uYesu wathi kubo, Ngokuba lukhuni kwentliziyo yenu, wanibhalela loo mthetho;	10:5 And Jesus answered and said unto them, For the hardness of your heart he wrote you this precept.
10:6 kodwa kwasekuqalekeni kokudalwa, uThixo wabenza bayindoda nenkazana.	10:6 But from the beginning of the creation God made them male and female.
10:7 Ngenxa yoko umntu uyakushiya uyise nonina, anamathele emfazini wakhe;	10:7 For this cause shall a man leave his father and mother, and cleave to his wife;

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
10:8 baze abo babini babe nyama-nye. Ngako oko, abasebabini, banyama-nye.	10:8 And they twain shall be one flesh: so then they are no more twain, but one flesh.
10:9 Oko ke ngoko uThixo akumanyileyo, makungahlulwa mntu.	10:9 What therefore God hath joined together, let not man put asunder.
10:10 Endlwini abafundi bakhe babuya bambuza ngayo loo nto.	10:10 And in the house his disciples asked him again of the same matter.
10:11 Athi kubo, Othe wamala umfazi wakhe, wazeka omnye, uyakrexeza kulowa.	10:11 And he saith unto them, Whosoever shall put away his wife, and marry another, committeth adultery against her.
10:12 Nokuba umfazi uthe wayala indoda yakhe, wendela kwenye, uyakrexeza.	10:12 And if a woman shall put away her husband, and be married to another, she committeth adultery.
10:13 Baye bezisa abantwana kuye ukuze abachukumise; basuka abafundi babakhalimela abo babazisayo.	10:13 And they brought young children to him, that he should touch them: and his disciples rebuked those that brought them.
10:14 Ke kaloku ekubonile oku uYesu, wacaphuka, wathi kubo, Bavumeleni abantwana beze kum, ningabaleli: ngokuba ubukumkani bukaThixo bubobabo banjalo.	10:14 But when Jesus saw it, he was much displeased, and said unto them, Suffer the little children to come unto me, and forbid them not: for of such is the kingdom of God.
10:15 Inene ndithi kuni, Othe akabamkela ubukumkani bukaThixo njengomntwana, akayi kukha angene kubo.	10:15 Verily I say unto you, Whosoever shall not receive the kingdom of God as a little child, he shall not enter therein.
10:16 Waza wabawola, wazibeka izandla phezu kwabo, wamana ebasikelela.	10:16 And he took them up in his arms, put his hands upon them, and blessed them.
10:17 Akubon' ukuba uyaphuma, uya endleleni, kweza othile ngokubaleka, wawa ngamadolo kuye, wambuza esithi, Mfundisi ulungileyo, ndenze ntoni na, ukuze ndibudle ilifa ubomi obungunaphakade?	10:17 And when he was gone forth into the way, there came one running, and kneeled to him, and asked him, Good Master, what shall I do that I may inherit eternal life?
10:18 Uthe ke uYesu kuye, Yini na ukuba uthi ndilungile? Akukho ulungileyo, mnye kwaphelanguThixo.	10:18 And Jesus said unto him, Why callest thou me good? there is none good but one, that is, God.
10:19 Uyayazi imithetho: Musa ukukrexeza, musa ukubulala, musa ukuba, musa ukungqinela ubuxoki, musa ukulumkisa, beka uyihlo nonyoko.	10:19 Thou knowest the commandments, Do not commit adultery, Do not kill, Do not steal, Do not bear false witness, Defraud not, Honour thy father and mother.
10:20 Uphendule ke yena wathi kuye, Mfundisi, zonke ezo zinto ndazigcina, kwasebuncinaneni bam.	10:20 And he answered and said unto him, Master, all these have I observed from my youth.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
<p>10:21 Uthe ke uYesu, ondele kuye, wamthanda, wathi kuye, Kukho nto-nye uyisweleyo: hamba uye kuthengisa ngeento zonke onazo, uphe amahlwempu, woba nobutyebi ke emazulwini; yiza ke undilandele, uwuthwele umnqamlezo.</p>	<p>10:21 Then Jesus beholding him loved him, and said unto him, One thing thou lackest: go thy way, sell whatsoever thou hast, and give to the poor, and thou shalt have treasure in heaven: and come, take up the cross, and follow me.</p>
<p>10:22 Wathi ke khunubembe ngelo zwi, wemka ebuhlungu; kuba ebenemfuyo eninzi.</p>	<p>10:22 And he was sad at that saying, and went away grieved: for he had great possessions.</p>
<p>10:23 UYesu esingasingile, wathi kubafundi bakhe, Hayi, ukuba ngenkankulu ukuya kungena kwabo banobutyebi ebukumkanini bukaThixo!</p>	<p>10:23 And Jesus looked round about, and saith unto his disciples, How hardly shall they that have riches enter into the kingdom of God!</p>
<p>10:24 Ke bathi qhiphu umbilini abafundi ngamazwi akhe. Aphinde ke uYesu, aphen-dule athi kubo, Bantwana, hayi, ukuba ngenkankulu ukuthi abo bakholose ngobutyebi bangene ebukumkanini bukaThixo!</p>	<p>10:24 And the disciples were astonished at his words. But Jesus answereth again, and saith unto them, Children, how hard is it for them that trust in riches to enter into the kingdom of God!</p>
<p>10:25 Kulula ukuba inkamela iphumele entunjeni yenaliti, kunokuba isityebi singene ebukumkanini bukaThixo.</p>	<p>10:25 It is easier for a camel to go through the eye of a needle, than for a rich man to enter into the kingdom of God.</p>
<p>10:26 Baye bekhwankqiswa ke ngokuncamisileyo, besitshono ukuthi, Ngubani na ongasindiswayo?</p>	<p>10:26 And they were astonished out of measure, saying among themselves, Who then can be saved?</p>
<p>10:27 Ondele ke kubo uYesu, uthi, Kubantu akunakwenzeka; kuye yena uThixo akunakuba kungenzeki; kuba zonke izinto zinako ukwenzeka kuye uThixo.</p>	<p>10:27 And Jesus looking upon them saith, With men it is impossible, but not with God: for with God all things are possible.</p>
<p>10:28 Waqala uPetros ukuthi kuye, Uyabona, thina sishiye iinto zonke, sakulandela.</p>	<p>10:28 Then Peter began to say unto him, Lo, we have left all, and have followed thee.</p>
<p>10:29 Waphendula uYesu wathi, Inene ndithi kuni, akukho namnye ushiye indlu, nokuba ngabazalwana, nokuba ngoodade, nokuba nguyise, nokuba ngunina, nokuba ngumfazi, nokuba ngabantwana, nokuba ngamasimi, ngenxa yam nangenxa yeendaba ezilungileyo ezi,</p>	<p>10:29 And Jesus answered and said, Verily I say unto you, There is no man that hath left house, or brethren, or sisters, or father, or mother, or wife, or children, or lands, for my sake, and the gospel's,</p>
<p>10:30 ongayi kuthi amkeliswe kalikhulu: ngoku ngeli xesha, izindlu, nabazalwana, noodade, noonina, nabantwana, namasimi, ndawonye neentshutshiso; nakwelizayo iphakade, ubomi obungunaphakade.</p>	<p>10:30 But he shall receive an hundredfold now in this time, houses, and brethren, and sisters, and mothers, and children, and lands, with persecutions; and in the world to come eternal life.</p>
<p>10:31 Ke baninzi abokuqala abaya kuba ngabokugqibela, nabokugqibela abaya kuba ngabokuqala.</p>	<p>10:31 But many that are first shall be last; and the last first.</p>

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
10:32 Ke kaloku babesendleleni, benyuka besiya eYerusalem; waye uYesu ehamba phambi kwabo; baye bethe qhiphu umbilini, balandela besoyika. Wabuya wabathabatha abalishumi elinababini waqala ukubaxelela izinto eziza kumhlela, esithi,	10:32 And they were in the way going up to Jerusalem; and Jesus went before them: and they were amazed; and as they followed, they were afraid. And he took again the twelve, and began to tell them what things should happen unto him,
10:33 Niyabona, siyenyuka siya eYerusalem; waye uNyana woMntu eya kunikelwa kubabingeleli abakhulu, nakubabhali; baya kumgweba ukuba afe, bamnikele kuzo iintlanga.	10:33 Saying, Behold, we go up to Jerusalem; and the Son of man shall be delivered unto the chief priests, and unto the scribes; and they shall condemn him to death, and shall deliver him to the Gentiles:
10:34 Ziya kudlala ngaye, zimtyakatye, zimtshicele, zimbulale; aze athi ngomhla wesithathu abuye avuke.	10:34 And they shall mock him, and shall scourge him, and shall spit upon him, and shall kill him: and the third day he shall rise again.
10:35 Kuthi kuze kuye uYakobi noYohane, oonyana bakaZebhedi, besithi, Mfundisi, sithanda ukuba usenzele into esothi siyicele.	10:35 And James and John, the sons of Zebedee, come unto him, saying, Master, we would that thou shouldest do for us whatsoever we shall desire.
10:36 Wathi ke yena kubo, Nithanda ukuba ndinenzele ntoni na?	10:36 And he said unto them, What would ye that I should do for you?
10:37 Bathi ke bona kuye, Siphe ukuhlala, omnye ngasekunene kwakho, nomnye ngasekhohlo kwakho, ebuqaqawulini bakho.	10:37 They said unto him, Grant unto us that we may sit, one on thy right hand, and the other on thy left hand, in thy glory.
10:38 Wathi ke uYesu kubo, Aniyazi into eniyicelayo: ninako na ukuyisela indebe endiyiselayo mna, nibhaptizwe ngobhaptizo endibhaptizwa ngalo mna? Bathi ke bona kuye, Sinako.	10:38 But Jesus said unto them, Ye know not what ye ask: can ye drink of the cup that I drink of? and be baptized with the baptism that I am baptized with?
10:39 Wathi ke uYesu kubo, Okunene indebe endiyiselayo mna, niya kuyisela; nobhaptizo endibhaptizwa ngalo mna, niya kubhaptizwa kwangalo;	10:39 And they said unto him, We can. And Jesus said unto them, Ye shall indeed drink of the cup that I drink of; and with the baptism that I am baptized withal shall ye be baptized:
10:40 kodwa kona ukuhlala ngasekunene kwam nangasekhohlo kwam, asikwam ukupha ngako, ngaphandle kokupha abo kulungiselwe bona.	10:40 But to sit on my right hand and on my left hand is not mine to give; but it shall be given to them for whom it is prepared.
10:41 Beville abalishumi, baqala ukubacaphukela ooYakobi noYohane.	10:41 And when the ten heard it, they began to be much displeased with James and John.
10:42 Ke kaloku, uYesu ebabizele kuye, uthi kubo, Niyazi ukuba abo kuthiwa balawula iintlanga, bayazigagamela; nabo bazizikhulu zazo benza ngegunya kuzo.	10:42 But Jesus called them to him, and saith unto them, Ye know that they which are accounted to rule over the Gentiles exercise lordship over them; and their great ones exercise authority upon them.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
10:43 Ze kungabi njalo ke phakathi kwenu nina; osukuba efuna ukuba mkhulu phakathi kwenu, makabe ngumlungiseleli wenu;	10:43 But so shall it not be among you: but whosoever will be great among you, shall be your minister:
10:44 nosukuba efuna ukuba ngowokuqala, makabe ngumkhonzi wabo bonke;	10:44 And whosoever of you will be the chiefest, shall be servant of all.
10:45 kuba noNyana woMntu engezanga kulungiselelwa; weza kulungiselela, nokuncama ubomi bakhe, bube yintlawulelo yokukhulula abaninzi.	10:45 For even the Son of man came not to be ministered unto, but to minister, and to give his life a ransom for many.
10:46 Baza kufika eYeriko. Ekuphumeni kwakhe eYeriko apho, nabafundi bakhe nendimbane elingeneyo, unyana kaTimeyu, uBhartimeyu, imfama, waye ehleli ngasendleleni engqiba.	10:46 And they came to Jericho: and as he went out of Jericho with his disciples and a great number of people, blind Bartimaeus, the son of Timaeus, sat by the highway side begging.
10:47 Wathi akuva ukuba nguYesu waseNazarete, waqala ukudanduluka wathi, Yesu nyana kaDavide, ndenzele inceba.	10:47 And when he heard that it was Jesus of Nazareth, he began to cry out, and say, Jesus, thou son of David, have mercy on me.
10:48 Baye abaninzi bemkhalimela ukuba athi tu; kwaba kokukhona ke wadandulukayo ngakumbi, esithi, Nyana kaDavide, ndenzele inceba.	10:48 And many charged him that he should hold his peace: but he cried the more a great deal, Thou son of David, have mercy on me.
10:49 Wema uYesu wathi, Makabizwe. Bayibiza ke imfama, besithi kuyo, Yomelela, suk' ume; uyakubiza.	10:49 And Jesus stood still, and commanded him to be called. And they call the blind man, saying unto him, Be of good comfort, rise; he calleth thee.
10:50 Ithe ke yona, ilahle ingubo yayo, yesuka yeza kuYesu.	10:50 And he, casting away his garment, rose, and came to Jesus.
10:51 Apendule athi kuyo uYesu, Uthanda ukuba ndikwenzele ntoni na? Yathi ke imfama kuye, Rabhoni, ndithanda ukuba ndibone.	10:51 And Jesus answered and said unto him, What wilt thou that I should do unto thee? The blind man said unto him, Lord, that I might receive my sight.
10:52 Wathi ke uYesu kuyo, Hamba uhambe; ukholo lwakho lukusindisile. Yabona kwaoko, yamlandela uYesu endleleni apho.	10:52 And Jesus said unto him, Go thy way; thy faith hath made thee whole. And immediately he received his sight, and followed Jesus in the way.
Mark 11	Mark 11
11:1 Ke kaloku, xa basondelayo eYerusalem, eBhetefage naseBhetani, besingisa eNtabeni yemiNquma, ususa babe babini kubafundi bakhe,	11:1 And when they came nigh to Jerusalem, unto Bethphage and Bethany, at the mount of Olives, he sendeth forth two of his disciples,
11:2 athi kubo, Hambani niye emzaneni lo ukhangelene nani; nothi ningena kuwo, nibe senifumana ithole le-esile libotshelwe, ekungazanga kuhlale namnye umntu phezu kwalo; likhululeni nilizise.	11:2 And saith unto them, Go your way into the village over against you: and as soon as ye be entered into it, ye shall find a colt tied, whereon never man sat; loose him, and bring him.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
11:3 Nokuba ubani uthe kuni, Yini na ukuba nikwenze oko? nothi, Liyafuneka eNkosini; wothi kwaoko ke alithumele apha.	11:3 And if any man say unto you, Why do ye this? say ye that the Lord hath need of him; and straightway he will send him hither.
11:4 Basuka ke baya, balifumana ithole libotshelwe ngasemnyango ngaphandle, ekuhlanganeni kweendlela; balikhulula.	11:4 And they went their way, and found the colt tied by the door without in a place where two ways met; and they loose him.
11:5 Baye abathile kwababemi khona besithi kubo, Nenza ntoni na, nilikhulula nje ithole?	11:5 And certain of them that stood there said unto them, What do ye, loosing the colt?
11:6 Bathetha ke kubo njengoko uYesu ebebawisele umthetho ngako; baza babayeka.	11:6 And they said unto them even as Jesus had commanded: and they let them go.
11:7 Balizisa ithole kuYesu; baziphosa iingubo zabo phezu kwalo; wahlala phezu kwalo.	11:7 And they brought the colt to Jesus, and cast their garments on him; and he sat upon him.
11:8 Ke kaloku abaninzi bazandlala iingubo zabo endleleni; baye ke abanye bexhuzula amahlamvu emithini, bewandlala endleleni.	11:8 And many spread their garments in the way: and others cut down branches off the trees, and strawed them in the way.
11:9 Baye abo babehamba ngaphambili, nabo babelandela, bedanduluka, besithi, Hosana; makabongwe lo uzayo egameni leNkosi.	11:9 And they that went before, and they that followed, cried, saying, Hosanna; Blessed is he that cometh in the name of the Lord:
11:10 Mabubongwe ubukumkani bobawo wethu uDavide, obo buzayo egameni leNkosi! Hosana enyangweni!	11:10 Blessed be the kingdom of our father David, that cometh in the name of the Lord: Hosanna in the highest.
11:11 Uthe ke uYesu wangena eYerusalem nasetempileni; ezisingasingile izinto zonke, wathi, kuba bekusekuhlwile, waphuma waya eBhetani, enabalishumi elinababini.	11:11 And Jesus entered into Jerusalem, and into the temple: and when he had looked round about upon all things, and now the eventide was come, he went out unto Bethany with the twelve.
11:12 Uthe ngengomso, bakubon' ukuba baphumile eBhetani, walamba.	11:12 And on the morrow, when they were come from Bethany, he was hungry:
11:13 Wathi, ebone umkhiwane ukude, unamagqabi, waya kukhangela ukuba angafumana nto na kuwo; akufika kuwo, akafumana nto, kwakuphela ngamagqabi; kuba belingelilo ixesha lamakhiwane.	11:13 And seeing a fig tree afar off having leaves, he came, if haply he might find any thing thereon: and when he came to it, he found nothing but leaves; for the time of figs was not yet.
11:14 Waphendula uYesu wathi kuwo, Makungaze kudle mntu siqhamo kuwe naphakade. Baye besiva ke abafundi bakhe.	11:14 And Jesus answered and said unto it, No man eat fruit of thee hereafter for ever. And his disciples heard it.
11:15 Bafika eYerusalem. Waza uYesu, eye kungena etempileni, waqala wabakhupha ababethengisa nababethenga etempileni; wathi neetafile zabanani bemali nezihlalo zabathengisa ngamahobe wazibhukuqa.	11:15 And they come to Jerusalem: and Jesus went into the temple, and began to cast out them that sold and bought in the temple, and overthrew the tables of the moneychangers, and the seats of them that sold doves;

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
11:16 Wayengavumi ukuba kubekho ucanda etempileni ethwele isitya.	11:16 And would not suffer that any man should carry any vessel through the temple.
11:17 Wayefundisa, esithi kubo, Akubhaliwe na kwathiwa, Indlu yam iya kubizwa ngokuba yindlu yokuthandaza iintlanga zonke? Ke nina niyenze umqolomba wezihange.	11:17 And he taught, saying unto them, Is it not written, My house shall be called of all nations the house of prayer? but ye have made it a den of thieves.
11:18 Beva ababhali nababingeleli abakhulu; baye befuna ukuba bangathini na ukumtshabalalisa; kuba babemoyika yena, ngokuba indimbane yonke ibikhwankqisiwe yimfundiso yakhe.	11:18 And the scribes and chief priests heard it, and sought how they might destroy him: for they feared him, because all the people was astonished at his doctrine.
11:19 Uthe ke kwakuhlwa waphuma, waya ngaphandle komzi.	11:19 And when even was come, he went out of the city.
11:20 Bathi bedlula kusasa, bawubona umkhiwane lowo womile, uthabathele kwasezinganjini.	11:20 And in the morning, as they passed by, they saw the fig tree dried up from the roots.
11:21 Ekhumbule uPetros, uthi kuye, Rabhi, khangela umkhiwane obuwuqalekisile womile.	11:21 And Peter calling to remembrance saith unto him, Master, behold, the fig tree which thou cursedst is withered away.
11:22 Uphendule uYesu wathi kubo, Yibani nokukholwa kuThixo.	11:22 And Jesus answering saith unto them, Have faith in God.
11:23 Kuba inene ndithi kuni, Othe kule ntaba, Funquleka, uphoseke elwandle, angathandabuzi entliziyweni yakhe, asuke akholwe ukuba ezo zinto azithethayo zinokwenzeka, wokuzuza oko athe wakuthetha.	11:23 For verily I say unto you, That whosoever shall say unto this mountain, Be thou removed, and be thou cast into the sea; and shall not doubt in his heart, but shall believe that those things which he saith shall come to pass; he shall have whatsoever he saith.
11:24 Ngenxa yoko ndithi kuni izinto enisukuba nizicela, nithandaza, kholwani ukuba ninokuzamkela; noba nazo.	11:24 Therefore I say unto you, What things soever ye desire, when ye pray, believe that ye receive them, and ye shall have them.
11:25 Naxa sukuba nimi nithandaza, ukuba ninendawo ngakothile, mxoleleni, ukuze noYihlo osemazulwini anixolele iziphoso zenu.	11:25 And when ye stand praying, forgive, if ye have ought against any: that your Father also which is in heaven may forgive you your trespasses.
11:26 Ke, ukuba anixoleli nina, naye uYihlo osemazulwini akasayi kunixolela iziphoso zenu.	11:26 But if ye do not forgive, neither will your Father which is in heaven forgive your trespasses.
11:27 Babuya beza eYerusalem; kuthi, akubon' ukuba uyahamba etempileni, kuze kuye ababingeleli abakhulu, nababhali, namadoda amakhulu;	11:27 And they come again to Jerusalem: and as he was walking in the temple, there come to him the chief priests, and the scribes, and the elders,

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
11:28 bathi kuye, Uzenza ezi zinto ngagunya lini na? Kanjalo ngubani na okunike eli gunya lokuze ezi zinto uzenze?	11:28 And say unto him, By what authority doest thou these things? and who gave thee this authority to do these things?
11:29 Waphendula ke uYesu, wathi kubo, Nam ndiya kunibuza zwi-nye, ze nindiphendule; ndonixelela ke, ukuba ndizenza ngagunya lini na ezi zinto.	11:29 And Jesus answered and said unto them, I will also ask of you one question, and answer me, and I will tell you by what authority I do these things.
11:30 Ubhaptizo lukaYohane lwaluphuma emazulwini, lwaluphuma ebantwini, sini na? Ndiphenduleni.	11:30 The baptism of John, was it from heaven, or of men? answer me.
11:31 Baye becamanga phakathi kwabo, besithi, Ukuba sithe, Lwaluphuma emazulwini, wothi, Ibiyini na phofu ukuba ningakholwa nguye?	11:31 And they reasoned with themselves, saying, If we shall say, From heaven; he will say, Why then did ye not believe him?
11:32 Kodwa ukuba sithe, Lwaluphuma ebantwini—babesoyika abantu; kuba bonke babebambe ukuthi uYohane ubengumprofeti inene.	11:32 But if we shall say, Of men; they feared the people: for all men counted John, that he was a prophet indeed.
11:33 Baphendula bathi kuYesu, Asazi. Apendule uYesu athi kubo, Nam andinixeleli ukuba ndizenza ngagunya lini na ezi zinto.	11:33 And they answered and said unto Jesus, We cannot tell. And Jesus answering saith unto them, Neither do I tell you by what authority I do these things.
Mark 12	Mark 12
12:1 Waqala ukuthi kubo ngemizekeliso, Umntu watyala isidiliya, wasibiyela ngothango, wemba isixovulelo seediliya, wakha inyango, waqeshisa ngaso kubalimi, wahambela kwelinye.	12:1 And he began to speak unto them by parables. A certain man planted a vineyard, and set an hedge about it, and digged a place for the winefat, and built a tower, and let it out to husbandmen, and went into a far country.
12:2 Wathi ngelona xesha, wathuma umkhonzi kubalimi abo, ukuba amkele kubalimi esiqhameni sesidiliya eso.	12:2 And at the season he sent to the husbandmen a servant, that he might receive from the husbandmen of the fruit of the vineyard.
12:3 Basuka bona bambamba, bamtyabula, bamndulula elambatha.	12:3 And they caught him, and beat him, and sent him away empty.
12:4 Wabuya wathuma kubo omnye umkhonzi; lowo bamgibisela ngamatye, bamngxwelerha entloko, bamndulula bemhlazisile.	12:4 And again he sent unto them another servant; and at him they cast stones, and wounded him in the head, and sent him away shamefully handled.
12:5 Wabuya wathuma omnye; lowo bambulala. Wathuma nabanye babaninzi, inxenye beyityabula, inxenye beyibulala.	12:5 And again he sent another; and him they killed, and many others; beating some, and killing some.
12:6 Uthe ngoko, esenaye unyana emnye, intanda yakhe, wamthuma naye kubo ukugqibela, esithi, Baya kumhlonela yena unyana wam.	12:6 Having yet therefore one son, his wellbeloved, he sent him also last unto them, saying, They will reverence my son.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
12:7 Ke bona abo balimi bathi phakathi kwabo, Yindlalifa lo; yizani simbulale, ilifa libe lelethu.	12:7 But those husbandmen said among themselves, This is the heir; come, let us kill him, and the inheritance shall be ours.'
12:8 Bamthabatha ke, bambulala, bamphosa ngaphandle kwesidiliya.	12:8 And they took him, and killed him, and cast him out of the vineyard.
12:9 Uya kwenza ntoni na ke ngoko umnisisidiliya? Wofika abatshabalalise abo balimi, asinikele kubambi isidiliya eso.	12:9 What shall therefore the lord of the vineyard do? he will come and destroy the husbandmen, and will give the vineyard unto others.
12:10 Anisilesanga na esi sibhalo sithi, Ilitye abalicekisayo abakhi, Lelona laba yintloko yembombo;	12:10 And have ye not read this scripture; The stone which the builders rejected is become the head of the corner:
12:11 Kwavela eNkosini oku, Kungummangaliso emehlweni ethu?	12:11 This was the Lord's doing, and it is marvellous in our eyes?
12:12 Baya befuna ukumbamba, basuka boyika izihlwele, kuba baqonda ukuba uwuthethe ngabo lo mzekeliso. Bamshiya bemka.	12:12 And they sought to lay hold on him, but feared the people: for they knew that he had spoken the parable against them: and they left him, and went their way.
12:13 Bathi bathumela kuye abathile bakubaFarisi bakumaHerode, ukuze bambambise ngokuthetha.	12:13 And they send unto him certain of the Pharisees and of the Herodians, to catch him in his words.
12:14 Befikile ke bona, bathi kuye, Mfundisi, siyazi ukuba uyinene, kanjalo akukhathali nangubani; kuba akukhethi buso bamntu, indlela kaThixo uyifundisa ngenene. Kuvumelekile na ukumnika irhafu uKesare, akuvumelekile, kusini na? Sinikele, singanikeli, kusini na?	12:14 And when they were come, they say unto him, Master, we know that thou art true, and carest for no man: for thou regardest not the person of men, but teachest the way of God in truth: Is it lawful to give tribute to Caesar, or not?
12:15 Ke kaloku yena, ekwazi ukuhanahanisa kwabo, wathi kubo, Nindilingelani na? Ndiziseleni idenariyo, ndiyibone.	12:15 Shall we give, or shall we not give? But he, knowing their hypocrisy, said unto them, Why tempt ye me? bring me a penny, that I may see it.
12:16 Bayizisa ke. Athi kubo, Ngokabani na lo mfanekiso nombhalo?	12:16 And they brought it. And he saith unto them, Whose is this image and superscription? And they said unto him, Caesar's.
12:17 Bathi ke kuye, NgokaKesare. Waphendula uYesu wathi kubo, Nikelani izinto zikaKesare kuKesare, nezinto zikaThixo kuThixo. Bamangaliswa nguye.	12:17 And Jesus answering said unto them, Render to Caesar the things that are Caesar's, and to God the things that are God's. And they marvelled at him.
12:18 Kweza kuye nabaSadusi, bona abo bathi akukho luvuko; babuza kuye besithi,	12:18 Then come unto him the Sadducees, which say there is no resurrection; and they asked him, saying,

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
12:19 Mfundisi, uMoses wasibhalela, wathi, Ukuba umzalwana kathile uthe wafa, washiya umfazi, akashiya bantwana, makathi umzalwana wakhe amzeke umfazi wakhe, amvelisele imbewu umzalwana wakhe.	12:19 Master, Moses wrote unto us, If a man's brother die, and leave his wife behind him, and leave no children, that his brother should take his wife, and raise up seed unto his brother.
12:20 Ke kaloku bekukho abazalwana abasixhenxe. Wathi owokuqala wazeka umfazi; waza akufa akashiya mbewu.	12:20 Now there were seven brethren: and the first took a wife, and dying left no seed.
12:21 Uthe owesibini wamzeka, wafa, akashiya mbewu. Wenjenjalo nowesithathu.	12:21 And the second took her, and died, neither left he any seed: and the third likewise.
12:22 Bamzeka ke bosixhenxe; abashiya mbewu. Ekugqibeleni kwabo bonke, wafa naye umfazi.	12:22 And the seven had her, and left no seed: last of all the woman died also.
12:23 Ngoko eluvukweni, uya kuba ngumfazi wawuphi na kubo? kuba babenaye bosixhenxe engumfazi.	12:23 In the resurrection therefore, when they shall rise, whose wife shall she be of them? for the seven had her to wife.
12:24 Waphendula uYesu wathi kubo, Anilahleki na, ngenxa yale ndawo yokuba ningazazi izibhalo kwanamandla kaThixo?	12:24 And Jesus answering said unto them, Do ye not therefore err, because ye know not the scriptures, neither the power of God?
12:25 Kuba, xa bathe babuya bavuka kwabafileyo, abazeki, abendiswa; banjengazo izithunywa ezisemazulwini.	12:25 For when they shall rise from the dead, they neither marry, nor are given in marriage; but are as the angels which are in heaven.
12:26 Ngokusingisele kwabafileyo ke, ukuba bayavuka, anilesanga na encwadini kaMoses, endaweni ethetha ngetyholo, okokuba uThixo wathetha kuye esithi, Mna ndinguThixo ka-Abraham, uThixo kaIsaia, uThixo kaYakobi?	12:26 And as touching the dead, that they rise: have ye not read in the book of Moses, how in the bush God spake unto him, saying, I am the God of Abraham, and the God of Isaac, and the God of Jacob?
12:27 AkaThixo wabafileyo, unguThixo wabaphilileyo. Nina ke ngoko niyalahleka kakhulu.	12:27 He is not the God of the dead, but the God of the living: ye therefore do greatly err.
12:28 Kwafika omnye wakubabhali; wabeva bebuzana; waqonda ukuba ubaphendule kakuhle. Wambuza esithi, Owona mthetho uphambili kuyo yonke ngu-wuphi na?	12:28 And one of the scribes came, and having heard them reasoning together, and perceiving that he had answered them well, asked him, Which is the first commandment of all?
12:29 UYesu wamphendula ke esithi, Owona ungaphambili kuyo yonke imithetho ngulo: Yiva, Sirayeli, iNkosi uThixo wethu yiNkosi inye;	12:29 And Jesus answered him, The first of all the commandments is, Hear, O Israel; The Lord our God is one Lord:
12:30 uze uyithande ke iNkosi uThixo wakho ngentliziyo yakho iphela, na ngomphefumlo wakho uphela, nangengqondo yakho iphela, nangamandla akho ephela. Nguwo lo ongaphambili umthetho.	12:30 And thou shalt love the Lord thy God with all thy heart, and with all thy soul, and with all thy mind, and with all thy strength: this is the first commandment.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
12:31 Nowesibini ufana nawo; nangu: Uze umthande ummelwane wakho njengoko uzithanda ngako. Akukho mthetho wumbi mkhulu kunale.	12:31 And the second is like, namely this, Thou shalt love thy neighbour as thyself. There is none other commandment greater than these.
12:32 Wathi umbhali kuye, Ngxatsho ke, Mfundisi, uthethe inyaniso; ngokuba mnye uThixo, akukho wumbi ngaphandle kwakhe;	12:32 And the scribe said unto him, Well, Master, thou hast said the truth: for there is one God; and there is none other but he:
12:33 nokuthi umthande yena ngentliziyo iphela, nangengqiqo iphela, nangomphefumlo uphela, nangamandla ephela, nokuthi umthande ummelwane wakho njengoko uzithanda ngako, kungaphezu kwawo onke amadini atshiswayo kuphele, nemibingelelo.	12:33 And to love him with all the heart, and with all the understanding, and with all the soul, and with all the strength, and to love his neighbour as himself, is more than all whole burnt offerings and sacrifices.
12:34 UYesu embonile ukuba uphendule ngengqiqo, wathi kuye, Akukude wena ebukumkanini bukaThixo. Akwaba sabakho mntu ubenobuganga bakumbuza nto.	12:34 And when Jesus saw that he answered discreetly, he said unto him, Thou art not far from the kingdom of God. And no man after that durst ask him any question.
12:35 Waphendula uYesu, wathi, efundisa etempileni, Batshe ngani na ababhali ukuthi, UKristu ungunyana kaDavide?	12:35 And Jesus answered and said, while he taught in the temple, How say the scribes that Christ is the son of David?
12:36 Kuba uDavide ngokwakhe wathi ngoMoya oyiNgcwele, Yathi iNkosi eNkosini yam, Hlala ngasekunene kwam, Ndide iintshaba zakho ndizenze isihlalo seenyawo zakho.	12:36 For David himself said by the Holy Ghost, The Lord said to my Lord, Sit thou on my right hand, till I make thine enemies thy footstool.
12:37 UDavide ngoko ngokwakhe uthi, UyiNkosi. Kuvela phi na ke ukuba ngunyana wakhe? Lwaye ke uninzi lwabantu lumva kamnandi.	12:37 David therefore himself calleth him Lord; and whence is he then his son? And the common people heard him gladly.
12:38 Wayesithi kubo, ekufundiseni kwakhe, Balumkeleni ababhali, abathanda ukuhamba ngeengubo ezinde, nemibuliso ezindaweni zembutho,	12:38 And he said unto them in his doctrine, Beware of the scribes, which love to go in long clothing, and love salutations in the marketplaces,
12:39 nezihlalo zobukhulu ezindlwini zesikhungu, nezilili zobukhulu ezidlwini;	12:39 And the chief seats in the synagogues, and the uppermost rooms at feasts:
12:40 abazidla bazigqibe izindlu zabahlolokazi, baze benyhalaza bathandaze uzungu. Aba baya kwamkela ugwebo olugqithisileyo.	12:40 Which devour widows' houses, and for a pretence make long prayers: these shall receive greater damnation.
12:41 Waye uYesu ehleli malungana nomkhumbi wokulondoloza imali, ekhangela ukuba sithini na isihlwele ukuphosa imali yobhedu emkhumbini wokulondoloza imali; zaye izityebi ezininzi ziphosa kakhulu.	12:41 And Jesus sat over against the treasury, and beheld how the people cast money into the treasury: and many that were rich cast in much.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
12:42 Kwafika mhlolokazi uthile ulihlwempu, waphosa iimalanana zambini eziyikodrante.	12:42 And there came a certain poor widow, and she threw in two mites, which make a farthing.
12:43 Ebabizele kuye abafundi bakhe, uthi kubo, Inene ndithi kuni, Lo mhlolokazi ulihlwempu uphose ngaphezu kwabo bonke abaphosileyo emkhumbini wokulondoloza imali;	12:43 And he called unto him his disciples, and saith unto them, Verily I say unto you, That this poor widow hath cast more in, than all they which have cast into the treasury:
12:44 kuba bonke abo baphose bethabatha kwikhupha labo; ke yena ekusweni kwakhe uphose konke abenako, impilo yakhe iphela.	12:44 For all they did cast in of their abundance; but she of her want did cast in all that she had, even all her living.
Mark 13	Mark 13
13:1 Kwakubon' ukuba uyaphuma etempileni, uthi omnye umfundi wakhe kuye, Mfundisi, uyawabona na la matye angaka, nezi zakhiwo zingaka?	13:1 And as he went out of the temple, one of his disciples saith unto him, Master, see what manner of stones and what buildings are here!
13:2 Waphendula uYesu wathi kuye, Uyazibona na ezi zakhiwo zikhulu? Akusayi kusala litye phezu kwelitye, elingayi kuchithwa.	13:2 And Jesus answering said unto him, Seest thou these great buildings? there shall not be left one stone upon another, that shall not be thrown down.
13:3 Baye, akubon' ukuba uhleli eNtabeni yemiNquma malungana netempile, bembuza ngasese ooPetros noYakobi noYohane noAndreya, besithi,	13:3 And as he sat upon the mount of Olives over against the temple, Peter and James and John and Andrew asked him privately,
13:4 Sixelele ukuba ziya kubakho nini na ezo zinto, nokuba uya kuba yini na umqondiso, xa zonke ezo zinto ziza kupheliwa.	13:4 Tell us, when shall these things be? and what shall be the sign when all these things shall be fulfilled?
13:5 Wabaphendula ke uYesu waqala ukuthi, Lumkani ningalahlekiswa bani;	13:5 And Jesus answering them began to say, Take heed lest any man deceive you:
13:6 kuba baninzi abaya kuza egameni lam, besithi banguye uKristu, balahlekise into eninzi.	13:6 For many shall come in my name, saying, I am Christ; and shall deceive many.
13:7 Xa nithe neva iimfazwe namarhe eemfazwe, musani kuba navuso; kuba ezo zinto zimelwe kukuhla, ukanti kona ukuphela akukabikho;	13:7 And when ye shall hear of wars and rumours of wars, be ye not troubled: for such things must needs be; but the end shall not be yet.
13:8 kuba uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nobukumkani buvukelane nobukumkani; kuya kubakho iinyikima zomhlaba kwiindawo ngeendawo; kuya kubakho neendlala neenkathazeko; ziingqaleko ke zenimba ezo.	13:8 For nation shall rise against nation, and kingdom against kingdom: and there shall be earthquakes in divers places, and there shall be famines and troubles: these are the beginnings of sorrows.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
13:9 Zilumkeleni ke okwenu; kuba baya kuninikela ezintlanganisweni zamatyala, nityatyulwe ezindlwini zesikhungu, nimiswe phambi kwabalawuli nookumkani ngenxa yam, kube bubungqina kubo.	13:9 But take heed to yourselves: for they shall deliver you up to councils; and in the synagogues ye shall be beaten: and ye shall be brought before rulers and kings for my sake, for a testimony against them.
13:10 Kumele ukuthi ke ukuqala kuvakaliswe iindaba ezilungileyo ezi kuzo zonke iintlanga.	13:10 And the gospel must first be published among all nations.
13:11 Xa sukuba ke benirhola beya kuninikela, musani ukuyixhalela kwangaphambili into eniya kuyithetha, ningacamangi nokucamanga nto. Into enithe nayinikwa ngelo xa, thethani yona; kuba asinini enithethayo, nguMoya oyiNgcwele.	13:11 But when they shall lead you, and deliver you up, take no thought beforehand what ye shall speak, neither do ye premeditate: but whatsoever shall be given you in that hour, that speak ye: for it is not ye that speak, but the Holy Ghost.
13:12 Ke kaloku, umzalwana uya kunikela umzalwana ekufeni, aze uyise anikele umntwana, bathi nabantwana bavukelane nabazali, bababulalise;	13:12 Now the brother shall betray the brother to death, and the father the son; and children shall rise up against their parents, and shall cause them to be put to death.
13:13 Nithiywe ngabantu bonke, ngenxa yegama lam. Ke onyamezelayo kude kube sekupheleni, lowo wosindiswa.	13:13 And ye shall be hated of all men for my name's sake: but he that shall endure unto the end, the same shall be saved.
13:14 Ke kaloku, xa nithe nalibona isikizi lesiphanziso, ekwakuthethwa lona ngoDaniyeli umprofeti, limi apho lingamele kuba khona (olesayo makaqiqe), mabathi ngelo xa abo bakwaYuda basabele ezintabeni.	13:14 But when ye shall see the abomination of desolation, spoken of by Daniel the prophet, standing where it ought not, (let him that readeth understand,) then let them that be in Judaea flee to the mountains:
13:15 Ophezu kwendlu ke makangehli aye endlwini, angangeni aye kuthabatha into endlwini yakhe.	13:15 And let him that is on the housetop not go down into the house, neither enter therein, to take any thing out of his house:
13:16 Nalowo usentsimini makangabuyeli emva, aye kuthabatha ingubo yakhe.	13:16 And let him that is in the field not turn back again for to take up his garment.
13:17 Yeha ke, abamithiyo nabanyisayo ngaloo mihla!	13:17 But woe to them that are with child, and to them that give suck in those days!
13:18 Thandazani ke, ukuze intsabo yenu ingabi khona ebusika.	13:18 And pray ye that your flight be not in the winter.
13:19 Kuba yona loo mihla iya kuba yimbandezelo, engazanga ibekho enjalo kwasekuqalekeni kwendalo awayidalayo uThixo, kwada kwakalokunje; engasayi kubuya ibekho.	13:19 For in those days shall be affliction, such as was not from the beginning of the creation which God created unto this time, neither shall be.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
13:20 Kanjalo ukuba iNkosi ibingayinqamlelanga loo mihla, bekungayi kubakho mntu usindayo; koko ithe ngenxa yabanyulwa ebanyulileyo, yayinqamlela imihla leyo.	13:20 And except that the Lord had shortened those days, no flesh should be saved: but for the elect's sake, whom he hath chosen, he hath shortened the days.
13:21 Ngelo xa ke, ukuba ubani uthe kuni, Nanku apha uKristu, nokuba uthe, Nankuya phaya, musani ukukholwa nguye;	13:21 And then if any man shall say to you, Lo, here is Christ; or, lo, he is there; believe him not:
13:22 kuba kuya kuvela ooKristu ababuxoki, nabaprofeti ababuxoki, benze imiqondiso nemimangaliso yokulahlekisa nabanyuliweyo, ukuba bekunokwenzeka.	13:22 For false Christs and false prophets shall rise, and shall shew signs and wonders, to seduce, if it were possible, even the elect.
13:23 Lumkani ke nina; yabonani, ndinixelele izinto zonke ngenxa engaphambili.	13:23 But take ye heed: behold, I have foretold you all things.
13:24 Ngaloo mihla, emveni kwayo loo mbandezelo, liya kusuka ilanga lenziwe mnyama, ithi nenyanga ingabukhuphi ubumhlophe bayo;	13:24 But in those days, after that tribulation, the sun shall be darkened, and the moon shall not give her light,
13:25 zithi neenkwenkwezi zezulu zivuthuluke; athi mamandla asemazulwini azanyazanyiswe.	13:25 And the stars of heaven shall fall, and the powers that are in heaven shall be shaken.
13:26 Baya kumbona ke ngelo xesha uNyana woMntu esiza esemafini, enamandla amakhulu nobuqaqawuli.	13:26 And then shall they see the Son of man coming in the clouds with great power and glory.
13:27 Uya kuzithuma ngelo xesha izithunywa zakhe, abahlanganisele ndawonye abanyulwa bakhe, baphume kumacala omane omoya, kuthabathela esiphelweni sehlabathi kuse esiphelweni sezulu.	13:27 And then shall he send his angels, and shall gather together his elect from the four winds, from the uttermost part of the earth to the uttermost part of heaven.
13:28 Wufundeni ke kuwo umkhiwane umzekeliso; xa selithe lathamba isebe lawo, lahluma amagqabi, niyazi ukuba likufuphi ihlobo.	13:28 Now learn a parable of the fig tree; When her branch is yet tender, and putteth forth leaves, ye know that summer is near:
13:29 Ngokukwanjalo nani, xa nithe nazibona ezo zinto zisihla, yazini ukuba kukufuphi, sekusemnyango.	13:29 So ye in like manner, when ye shall see these things come to pass, know that it is nigh, even at the doors.
13:30 Inene ndithi kuni, Asisayi kudlula esi sizukulwana, zingadanga zonke ezo zinto zibekho.	13:30 Verily I say unto you, that this generation shall not pass, till all these things be done.
13:31 Liya kudlula izulu nehlabathi, ke wona amazwi am akasayi kudlula.	13:31 Heaven and earth shall pass away: but my words shall not pass away.
13:32 Kodwa akukho bani uwaziyo loo mhla nelo lixa, azazi nezithunywa ezisemazulwini, akazi noNyana lo, kuphela nguYise.	13:32 But of that day and that hour knoweth no man, no, not the angels which are in heaven, neither the Son, but the Father.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
13:33 Lumkani, musani ukulala, thandazani. Kuba anilazi ukuba linini na ixesha elo;	13:33 Take ye heed, watch and pray: for ye know not when the time is.
13:34 njengokuba wathi umntu ehambela kwelinye, eshiya indlu yakhe, wabanika igunya abakhonzi bakhe, elowo wamnika umsebenzi wakhe, waza umgcini-mnyango wamwisela umthetho ukuba alinde.	13:34 For the Son of Man is as a man taking a far journey, who left his house, and gave authority to his servants, and to every man his work, and commanded the porter to watch.
13:35 Lindani ngoko, ngokuba ningakwazi ukuba kunini na ukuza komninindlu: kuko ngokuhlwa, kuko phakathi kobusuku, kuko ekulileni kweenkuku, kuko kusasa;	13:35 Watch ye therefore: for ye know not when the master of the house cometh, at even, or at midnight, or at the cockcrowing, or in the morning:
13:36 hleze afike ngebhaqo, anifumane nilele.	13:36 Lest coming suddenly he find you sleeping.
13:37 Oko ndikutsho kuni, ndikutsho kubo bonke, Lindani.	13:37 And what I say unto you I say unto all, Watch.
Mark 14	Mark 14
14:1 Ke kaloku bekuza kubakho ipasika, izonka ezingenagwele, emveni kweentsuku ezimbini; baye ke ababingeleli abakhulu nababhali befuna ukuba bangathini na ukumbamba ngenkohliso, bambulale.	14:1 After two days was the feast of the passover, and of unleavened bread: and the chief priests and the scribes sought how they might take him by craft, and put him to death.
14:2 Babesithi ke, Makungabi khona ngomthendeleko, hleze kubekho isaqunge sabantu.	14:2 But they said, Not on the feast day, lest there be an uproar of the people.
14:3 Kuthe esebhetani, endlwini kaSimon owayeneqhenqa, akubon' ukuba uhleli, kweza umfazi enehlala lelabhastile, linamafutha enadusi engangxengelelweyo, exabiso likhulu; walityumza ihlala elo lelabhastile, wamgalela ngawo entloko.	14:3 And being in Bethany in the house of Simon the leper, as he sat at meat, there came a woman having an alabaster box of ointment of spikenard very precious; and she brake the box, and poured it on his head.
14:4 Kwaye ke kukho abathile abacaphukayo phakathi kwabo, besithi, Yenzelweni na le nkitho yamafutha aqholiweyo?	14:4 And there were some that had indignation within themselves, and said, Why was this waste of the ointment made?
14:5 Kuba la mafutha bekungathengiswayo ngawo ngenani elingaphezu kweedenariyo ezimakhulu mathathu, kuphiwe amahlwempu; basuka bamfuthela.	14:5 For it might have been sold for more than three hundred pence, and have been given to the poor. And they murmured against her.
14:6 Uthe ke uYesu, Myekeni; nimaphulelani na? Usebenze umsebenzi omhle kum;	14:6 And Jesus said, Let her alone; why trouble ye her? she hath wrought a good work on me.
14:7 kuba amahlwempu lawo nihleli ninawo, nize xa sukuba nithanda, nibe nako ukuwenzela okulungileyo; ke mna anihleli ninam.	14:7 For ye have the poor with you always, and whensoever ye will ye may do them good: but me ye have not always.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
14:8 Yena ukwenzile abenako; uphange weza wawuthambisela ukungcwatywa umzimba wam.	14:8 She hath done what she could: she is come aforehand to anoint my body to the burying.
14:9 Inene ndithi kuni, Apho zithe zavakaliswa khona ezi ndaba zilungileyo kulo lonke ihlabathi, iya kuxelwa nayo le nto ayenzileyo yena, ibe sisikhumbuzo ngaye.	14:9 Verily I say unto you, Wheresoever this gospel shall be preached throughout the whole world, this also that she hath done shall be spoken of for a memorial of her.
14:10 UYuda Sikariyoti, omnye kwabeshumi elinababini, wesuka waya kubabingeleli abakhulu, ukuba amnikele kubo.	14:10 And Judas Iscariot, one of the twelve, went unto the chief priests, to betray him unto them.
14:11 Bathi ke bona bakuva bavuya; bambeka ngedinga lokumnika imali. Wayefuna ukuba angathini na ukumnikela ngexesha elimlungeleyo.	14:11 And when they heard it, they were glad, and promised to give him money. And he sought how he might conveniently betray him.
14:12 Ke kaloku, ngowokuqala umhla wezonka ezingenagwele, xa bekubingelelwa imvana yepasika, bathi kuye abafundi bakhe, Unga singaya kulungisa phi na, ukuze uyidle ipasika?	14:12 And the first day of unleavened bread, when they killed the passover, his disciples said unto him, Where wilt thou that we go and prepare that thou mayest eat the passover?
14:13 Ususa babini kubafundi bakhe, athi kubo, Hambani niye kuwo umzi; nohlangatyezwa ngumntu ethwele umphanda wamanzi; mlandeleni.	14:13 And he sendeth forth two of his disciples, and saith unto them, Go ye into the city, and there shall meet you a man bearing a pitcher of water: follow him.
14:14 Apho athe wangena khona, nothi kumninindlu, Uthi uMfundisi, Iphi na indlu yabahambi, apho ndingayidlela khona ipasika nabafundi bam?	14:14 And wheresoever he shall go in, say ye to the goodman of the house, The Master saith, Where is the guestchamber, where I shall eat the passover with my disciples?
14:15 Yena wonibonisa igumbi eliphezulu, elikhulu, landlelwe lalungiswa; silungiseleleni apho.	14:15 And he will shew you a large upper room furnished and prepared: there make ready for us.
14:16 Baphuma abafundi bakhe abo, baya kungena kuwo umzi, bafumana kunjengoko wayebaxelele, bayilungisa ipasika.	14:16 And his disciples went forth, and came into the city, and found as he had said unto them: and they made ready the passover.
14:17 Uthi kwakuhlwa, eze nabalishumi elinababini.	14:17 And in the evening he cometh with the twelve.
14:18 Bakubon' ukuba bahleli, bayadla, wathi uYesu, Inene, ndithi kuni, omnye kuni aba uya kundingcatsha, lowo ke udla nam.	14:18 And as they sat and did eat, Jesus said, Verily I say unto you, One of you which eateth with me shall betray me.
14:19 Baqala ke ukuba buhlungu, nokuthi kuye ngabanye, Ingaba ndim, yini na? Nomnye wathi, Ingaba ndim, yini na?	14:19 And they began to be sorrowful, and to say unto him one by one, Is it I? and another said, Is it I?

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
14:20 Uphendule ke wathi kubo, Ngomnye kwabeshumi elinababini, lowo ke uthi nkxu nam esityeni.	14:20 And he answered and said unto them, It is one of the twelve, that dippeth with me in the dish.
14:21 UNyana woMntu uyemka okunene, njengoko kubhalwe ngaye; yeha ke, loo mntu uNyana woMntu angcatshwa nguye! Ngekumlungele ukuba ebengazalwanga loo mntu.	14:21 The Son of man indeed goeth, as it is written of him: but woe to that man by whom the Son of man is betrayed! good were it for that man if he had never been born.
14:22 Bakubon' ukuba bayadla, uYesu wathabatha isonka, wasikelela, waqhekeza, wabanika, wathi, Thabathani nidle; ngumzimba wam lo.	14:22 And as they did eat, Jesus took bread, and blessed, and brake it, and gave to them, and said, Take, eat: this is my body.
14:23 Wayithabatha nendebe, wabulela, wabanika; basela kuyo bonke.	14:23 And he took the cup, and when he had given thanks, he gave it to them: and they all drank of it.
14:24 Wathi kubo, Ligazi lam eli lomnqophiso omtsha, eliphalala ngenxa yabaninzi.	14:24 And he said unto them, This is my blood of the new testament, which is shed for many.
14:25 Inene ndithi kuni, Andisayi kubuya ndisele esiqhameni somdiliya, kude kube yiloo mini sukuba ndisisela sisitsha ebukumkanini bukaThixo.	14:25 Verily I say unto you, I will drink no more of the fruit of the vine, until that day that I drink it new in the kingdom of God.
14:26 Bakuba bevume ingoma yokubonga, baphuma baya eNtabeni yemiNquma.	14:26 And when they had sung an hymn, they went out into the mount of Olives.
14:27 Athi kubo uYesu, Nonke niya kukhubeka kum ngobu busuku; ngokuba kubhaliwe kwathiwa, Ndiya kubetha kumalusi, zichithwachithwe izimvu.	14:27 And Jesus saith unto them, All ye shall be offended because of me this night: for it is written, I will smite the shepherd, and the sheep shall be scattered.
14:28 Ke emveni kokuvuka kwam, ndiya kunandulela, ndiye kwelaseGalili.	14:28 But after that I am risen, I will go before you into Galilee.
14:29 Wathi ke uPetros kuye, Nokuba baya kukhubeka bonke, mna nakanye.	14:29 But Peter said unto him, Although all shall be offended, yet will not I.
14:30 Athi uYesu kuye, Inene ndithi kuwe, namhlanje, kwangobu busuku, ingekalili kabini inkuku, uya kundikhanyela kathathu.	14:30 And Jesus saith unto him, Verily I say unto thee, That this day, even in this night, before the cock crow twice, thou shalt deny me thrice.
14:31 Kwaba kukhona wathetha wancamisa, esithi, Ndingafanelana ndimelwe kukufa nawe, andingekhe ndikukhanyele. Batsho ke bonke.	14:31 But he spake the more vehemently, If I should die with thee, I will not deny thee in any wise. Likewise also said they all.
14:32 Bafika kumhlatyana ogama liyiGetsemane. Athi kubafundi bakhe, Hlalani phantsi apha, ndikhe ndithandaze;	14:32 And they came to a place which was named Gethsemane: and he saith to his disciples, Sit ye here, while I shall pray.
14:33 athabathe naye uPetros noYakobi noYohane. Waqala ukuqhiphuka umbilini, nokudandatheka kakhulu.	14:33 And he taketh with him Peter and James and John, and began to be sore amazed, and to be very heavy;

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
14:34 Athi kubo, Umphefumlo wam ubuhlungu kakhulu, ngokokude ube sekufeni; hlalani apha nilinde.	14:34 And saith unto them, My soul is exceeding sorrowful unto death: tarry ye here, and watch.
14:35 Ehambele phambili umganyana, wawa emhlabeni, wathandazela, ukuba kunokwenzeka, lidlule kuye ilixa elo.	14:35 And he went forward a little, and fell on the ground, and prayed that, if it were possible, the hour might pass from him.
14:36 Wayesithi, Abha, Bawo, zonke izinto zinokwenzeka kuwe; yigqithise kum le ndebe; noko ke makungabi kokuthandwa ndim, makube kokuthandwa nguwe.	14:36 And he said, Abba, Father, all things are possible unto thee; take away this cup from me: nevertheless not what I will, but what thou wilt.
14:37 Uyeza, abafumane belele; athi kuPetros, Simon, ulele na? Ubungenakulinda noko lilinye na ilixa?	14:37 And he cometh, and findeth them sleeping, and saith unto Peter, Simon, sleepest thou? couldest not thou watch one hour?
14:38 Lindani nithandaze, ukuze ningangeni ekuhendweni; umoya okunene unentumekelelo, ke yona inyama ithambile.	14:38 Watch ye and pray, lest ye enter into temptation. The spirit truly is ready, but the flesh is weak.
14:39 Wabuya wemka wathandaza, ethetha kwalona elo lizwi.	14:39 And again he went away, and prayed, and spake the same words.
14:40 Uthe akubuya, wabafumana bebuye balala; kuba amehlo abo ayenzima bubuthongo; baye bengazi into abangamphendula yona.	14:40 And when he returned, he found them asleep again, (for their eyes were heavy,) neither wist they what to answer him.
14:41 Afike okwesithathu, athi kubo, Lalani ngoku niphumle; kwanele; lifikile ilixa; yabonani, uNyana woMntu uyanikelwa ezandleni zaboni.	14:41 And he cometh the third time, and saith unto them, Sleep on now, and take your rest: it is enough, the hour is come; behold, the Son of man is betrayed into the hands of sinners.
14:42 Vukani sihambe; yabonani, lowo undinikelayo usondele.	14:42 Rise up, let us go; lo, he that betrayeth me is at hand.
14:43 Kwaoko, esathetha, uthi qatha uYuda, owayengoweshumi elinababini, enendimbane enkulu, inamakrele neentonga, isuka kubo ababingeleli abakhulu, nakubabhali, nakuwo amadoda amakhulu.	14:43 And immediately, while he yet spake, cometh Judas, one of the twelve, and with him a great multitude with swords and staves, from the chief priests and the scribes and the elders.
14:44 Ke kaloku, lowo umnikelayo waye ebanike umqondiso, esithi, Lowo ndithe ndamanga, nguye; mbambeni, nimrhole nimnqabisile.	14:44 And he that betrayed him had given them a token, saying, Whomsoever I shall kiss, that same is he; take him, and lead him away safely.
14:45 Efikile, uye kuye kwaoko, athi, Rabhi, Rabhi; wamanga.	14:45 And as soon as he was come, he goeth straightway to him, and saith, Master, master; and kissed him.
14:46 Bamsa ke isandla, bambamba.	14:46 And they laid their hands on him, and took him.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
14:47 Uthe ke omnye wabo babemi khona, warhola ikrele, wamxabela umkhonzi wombingeleli omkhulu, wamnqumla indlebe.	14:47 And one of them that stood by drew a sword, and smote a servant of the high priest, and cut off his ear.
14:48 Waphendula uYesu wathi kubo, Niphumele ukuza kubamba mna na, ninamakrele neentonga nje, nanga niphumele isihange?	14:48 And Jesus answered and said unto them, Are ye come out, as against a thief, with swords and with staves to take me?
14:49 Bendikuni imihla ngemihla etempileni ndifundisa, anandibamba; kodwa kunje, ukuze zizaliseke izibhalo.	14:49 I was daily with you in the temple teaching, and ye took me not: but the scriptures must be fulfilled.
14:50 Bamshiya bonke, babaleka.	14:50 And they all forsook him, and fled.
14:51 Wayelandelwa yindodana ethile, ithe wambu ilinen entle emzimbeni; asuka ayibamba ke amadodana.	14:51 And there followed him a certain young man, having a linen cloth cast about his naked body; and the young men laid hold on him:
14:52 Ithe yayilahla ilinen entle leyo, yabaleka kubo ize.	14:52 And he left the linen cloth, and fled from them naked.
14:53 Bamrholela uYesu kumbingeleli omkhulu, babuthelana kuye bonke ababingeleli abakhulu, namadoda amakhulu, nababhali.	14:53 And they led Jesus away to the high priest: and with him were assembled all the chief priests and the elders and the scribes.
14:54 Waza uPetros wamlandela, ebekele kude, wada waya ngaphakathi entendelezweni yendlu yombingeleli omkhulu; waye ehleli phantsi ndawonye namadindala, esotha umlilo.	14:54 And Peter followed him afar off, even into the palace of the high priest: and he sat with the servants, and warmed himself at the fire.
14:55 Baye ke ababingeleli abakhulu, nayo intlanganisiso yamatyala iphelele, befuna ubungqina ngaye uYesu bokuze bambulalise; bengabufumani.	14:55 And the chief priests and all the council sought for witness against Jesus to put him to death; and found none.
14:56 Kuba babebaninzi ababengqina ubuxoki ngaye, baye ubungqina babo bungayelelani.	14:56 For many bare false witness against him, but their witness agreed not together.
14:57 Basuka abathile bangqina ubuxoki ngaye, besithi,	14:57 And there arose certain, and bare false witness against him, saying,
14:58 Thina samva yena esithi, Mna ndiya kuyichitha le tempile yenziweyo ngezandla, ndize ngeentsuku ezintathu ndakhe enye engenziwe ngazandla.	14:58 We heard him say, I will destroy this temple that is made with hands, and within three days I will build another made without hands.
14:59 Baye bungayelelani kwangokunjalo nobabo ubungqina.	14:59 But neither so did their witness agree together.
14:60 Wesuka wema phakathi umbingeleli omkhulu, wambuza uYesu, esithi, Akuphenduli nento le na? bangqina ntoni na aba ngawe?	14:60 And the high priest stood up in the midst, and asked Jesus, saying, Answerest thou nothing? what is it which these witness against thee?

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
14:61 Wahhlala ke yena wathi tu, akaphendula nento. Wabuya umbingeleli omkhulu wambuza, wathi kuye, Unguye na uKristu, uNyana waLowo ungowokubongwa?	14:61 But he held his peace, and answered nothing. Again the high priest asked him, and said unto him, Art thou the Christ, the Son of the Blessed?
14:62 Uthe ke uYesu, Ndinguye; niya kumbona nokumbona uNyana woMntu, ehleli ngasekunene kwamandla, esiza namafu ezulu.	14:62 And Jesus said, I am: and ye shall see the Son of man sitting on the right hand of power, and coming in the clouds of heaven.
14:63 Usuka ke umbingeleli omkhulu azikrazule iingubo zakhe, athi, Sisawafunelani na amangqina?	14:63 Then the high priest rent his clothes, and saith, What need we any further witnesses?
14:64 Nikuvile ukunyelisa; kunjani kuni nina? Bamgweba ke bonke ukuba unetyala lokuba afe.	14:64 Ye have heard the blasphemy: what think ye? And they all condemned him to be guilty of death.
14:65 Yaqala inxenye ukumtshicela, nokumgqubuthela ubuso, nokumntlitha, nokuthi kuye, Profeta; aye amadindala emtywakraza.	14:65 And some began to spit on him, and to cover his face, and to buffet him, and to say unto him, Prophecy: and the servants did strike him with the palms of their hands.
14:66 Kuthi ke, akubon' ukuba uPetros usentendelezweni ngezantsi, kuze omnye umkhonzazana wombingeleli omkhulu,	14:66 And as Peter was beneath in the palace, there cometh one of the maids of the high priest:
14:67 ambone uPetros esotha, ondele kuye, athi, Nawe ubunaye uYesu waseNazarete.	14:67 And when she saw Peter warming himself, she looked upon him, and said, And thou also wast with Jesus of Nazareth.
14:68 Wakhanyela ke esithi, Andiyazi, andiyiqondi kanye into oyithethayo wena. Waphuma waya phandle kwengaphambili intendelezo; yalila ke inkuku.	14:68 But he denied, saying, I know not, neither understand I what thou sayest. And he went out into the porch; and the cock crew.
14:69 Umkhonzazana ubuye wambona, waqala ukuthi kwabo babemi khona, Lo ngowakubo.	14:69 And a maid saw him again, and began to say to them that stood by, This is one of them.
14:70 Waphinda ke wakhanyela. Kuthe, kwakuba mzuzwana, babuya abo babemi khona, bathi kuPetros. Inyaniso, ungowakubo; kuba ungowaseGalili, nokuthetha kwakho kuyafana nokwabo.	14:70 And he denied it again. And a little after, they that stood by said again to Peter, Surely thou art one of them: for thou art a Galilaean, and thy speech agreeth thereto.
14:71 Waqala ke ukushwabula nokufunga, esithi, Andimazi loo mntu nimthethayo.	14:71 But he began to curse and to swear, saying, I know not this man of whom ye speak.
14:72 Yalila okwesibini inkuku. Walikhumbula ke uPetros ilizwi, abelithethile uYesu kuye, lokuthi, Ingekalili inkuku kabini, uya kundikhanyela kathathu. Wathi akucinga, walila.	14:72 And the second time the cock crew. And Peter called to mind the word that Jesus said unto him, Before the cock crow twice, thou shalt deny me thrice. And when he thought thereon, he wept.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
Mark 15	Mark 15
15:1 Bathi, kwaoko kwakusa, ababingeleli abakhulu benza ibhunga, ndawonye namadoda amakhulu, nababhali, nentlanganiso yamatyala iphelele; bambopha uYesu bemka naye, bamnikela kuPilato.	15:1 And straightway in the morning the chief priests held a consultation with the elders and scribes and the whole council, and bound Jesus, and carried him away, and delivered him to Pilate.
15:2 UPilato wambuza esithi, Unguye na ukumkani wamaYuda? Waphendula ke yena wathi kuye, Nawe utsho.	15:2 And Pilate asked him, Art thou the King of the Jews? And he answering said unto them, Thou sayest it.
15:3 Baye bemmangalela ke ngeendawo ezininzi ababingeleli abakhulu.	15:3 And the chief priests accused him of many things: but he answered nothing.
15:4 Wabuya ke uPilato wambuza, esithi, Akuphenduli nento na? Khangela ukuba zininzi kwazo iindawo abazingqina ngawe.	15:4 And Pilate asked him again, saying, Answerest thou nothing? behold how many things they witness against thee.
15:5 Noko ke uYesu akabanga saphendula nto yena, ngokokude amangaliswe uPilato.	15:5 But Jesus yet answered nothing; so that Pilate marvelled.
15:6 Ke kaloku imithendeleko ngemithendeleko ubeqhele ukubakhululela umbanjwa abe mnye, abasukuba bemcela.	15:6 Now at that feast he released unto them one prisoner, whomsoever they desired.
15:7 Kwaye kukho ke obekuthiwa nguBharabhas, eboshwe ndawonye nabanye abenzi besaqunge, ababulalayo nokubulala esaqungeni apho.	15:7 And there was one named Barabbas, which lay bound with them that had made insurrection with him, who had committed murder in the insurrection.
15:8 Sankqangaza isihlwele, saqala ukucela, ukuba enze ngoko abehlala esenza ngako kubo.	15:8 And the multitude crying aloud began to desire him to do as he had ever done unto them.
15:9 Wabaphendula ke uPilato, esithi, Nithanda ukuba ndinikhululele ukumkani wamaYuda na?	15:9 But Pilate answered them, saying, Will ye that I release unto you the King of the Jews?
15:10 Kuba ebesazi ukuba ababingeleli abakhulu abo bamnikele ngomona.	15:10 For he knew that the chief priests had delivered him for envy.
15:11 Ke bona ababingeleli abakhulu bayixhokonxa indimbane, ukuba icele ukuba kanye abakhululele uBharabhas.	15:11 But the chief priests moved the people, that he should rather release Barabbas unto them.
15:12 Wabuya waphendula ke uPilato, wathi kubo, Ninga ndingamenzani na ngoko lowo nithi nguKumkani wamaYuda?	15:12 And Pilate answered and said again unto them, What will ye then that I shall do unto him whom ye call the King of the Jews?
15:13 Babuya ke bankqangaza bathi, Mbethelele emnqamlezweni!	15:13 And they cried out again, Crucify him.
15:14 Wathi ke uPilato kubo, Kuba enze bubi buni na? Kwaba kukhona ke bancamisayo ukunkqangaza, besithi, Mbethelele emnqamlezweni!	15:14 Then Pilate said unto them, Why, what evil hath he done? And they cried out the more exceedingly, Crucify him.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
15:15 Ke kaloku uPilato, ngokunga angasithomalalisa isihlwele, wabakhululela uBharabhas. Emtyakatyile ke uYesu, wamnikela ukuba abethelelwe emnqamlezweni.	15:15 And so Pilate, willing to content the people, released Barabbas unto them, and delivered Jesus, when he had scourged him, to be crucified.
15:16 Athi amasoldati amrholele ngaphakathi kwentendelezo, oko kukuthi endlwini yerhuluneli; alibizele ndawonye ibutho lawo liphela;	15:16 And the soldiers led him away into the hall, called Praetorium; and they call together the whole band.
15:17 amambathise ngebomvu; aluke isithsaba sameva, amthi jize ngaso,	15:17 And they clothed him with purple, and platted a crown of thorns, and put it about his head,
15:18 aqale ukumbulisa, athi, Aa! Kumkani wamaYuda!	15:18 And began to salute him, Hail, King of the Jews!
15:19 Ayembetha entloko ngengcongolo; ayemtshicela; ayeguqa ngamadolo, aqubude kuye.	15:19 And they smote him on the head with a reed, and did spit upon him, and bowing their knees worshipped him.
15:20 Athi akuba edlale ngaye, amhluba ebomvu, amambathisa kwaezakhe iingubo; amrholela phandle, ukuze ambethelele emnqamlezweni.	15:20 And when they had mocked him, they took off the purple from him, and put his own clothes on him, and led him out to crucify him.
15:21 Anyanzela umhambi othile, uSimon waseKirene, evela ephandleni, lowo nguyise ka-Alesandire noRufo, ukuba awuthwale umnqamlezo wakhe.	15:21 And they compel one Simon a Cyrenian, who passed by, coming out of the country, the father of Alexander and Rufus, to bear his cross.
15:22 Amzisa endaweni yeGologota, oko kukuthi ngentetho evakalayo, yindawo yokakayi.	15:22 And they bring him unto the place Golgotha, which is, being interpreted, The place of a skull.
15:23 Ayemnika iwayini enemore, ukuba ayisele; kodwa akayamkelanga.	15:23 And they gave him to drink wine mingled with myrrh: but he received it not.
15:24 Athi akumbethelela emnqamlezweni, abelana ngeengubo zakhe, esenza amaqashiso ngazo, ukuze uthile athabathe ethile.	15:24 And when they had crucified him, they parted his garments, casting lots upon them, what every man should take.
15:25 Ke kaloku, laye ililixa lesithathu, abambethelela ngalo emnqamlezweni.	15:25 And it was the third hour, and they crucified him.
15:26 Waye umbhalo wetyala lakhe ubhalwe ngaphezulu, kwathiwa, uKumkani wamaYuda.	15:26 And the superscription of his accusation was written over, The King Of The Jews.
15:27 Kwaye kubethelelwe naye eminqamlezweni izihange zizibini, esinye ngasekunene, esinye ngasekhohlo kwakhe.	15:27 And with him they crucify two thieves; the one on his right hand, and the other on his left.
15:28 Szalisezeka ke eso sibhalo sithi, Wabalelwa kwabachasene nomthetho.	15:28 And the scripture was fulfilled, which saith, And he was numbered with the transgressors.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
15:29 Baye abadlulayo bemnyelisa, behlunguzela iintloko zabo, besithi, Uha! Wena uchitha itempile, uyakhe ngeentsuku ezintathu,	15:29 And they that passed by railed on him, wagging their heads, and saying, Ah, thou that destroyest the temple, and buildest it in three days,
15:30 zisindise, uhle emnqamlezweni.	15:30 Save thyself, and come down from the cross.
15:31 Ngokukwanjalo nababingeleli abakhulu, bedlala ngaye phakathi kwabo, benababhali, babesithi, Abanye wabasindisa; yena ngokwakhe akanakuzisindisa.	15:31 Likewise also the chief priests mocking said among themselves with the scribes, He saved others; himself he cannot save.
15:32 UKristu, uKumkani wakwaSirayeli, makehle kalokunje emnqamlezweni, ukuze sibone, sikholwe. Baye nabo babebethelelwe eminqamlezweni kunye naye bemngcikiva.	15:32 Let Christ the King of Israel descend now from the cross, that we may see and believe. And they that were crucified with him reviled him.
15:33 Ke kaloku lakuba lilixa lesithandathu, kwehla ubumnyama phezu kwawo wonke umhlaba, kwada kwalilixa lesithoba.	15:33 And when the sixth hour was come, there was darkness over the whole land until the ninth hour.
15:34 Ngalo ilixa lesithoba, wadanduluka uYesu ngezwi elikhulu, esithi, Eloyi! Eloyi! Lama sabhaktani? Oko kukuthi ngentetho evakalayo, Thixo wam! Thixo wam! undishiyeleni na?	15:34 And at the ninth hour Jesus cried with a loud voice, saying, Eloi, Eloi, lama sabachthani? which is, being interpreted, My God, my God, why hast thou forsaken me?
15:35 Inxenye yababemi khona yakuva yathi, Yabonani, ubiza uEliya.	15:35 And some of them that stood by, when they heard it, said, Behold, he calleth Elias.
15:36 Wagidima ke omnye, wazalisa imfunxa ngeviniga, wayifaka engcongolweni, wamseza, esithi, Khanenze kuhle, khe sibone ukuba uEliya woza kumthula na.	15:36 And one ran and filled a sponge full of vinegar, and put it on a reed, and gave him to drink, saying, Let alone; let us see whether Elias will come to take him down.
15:37 Wathi ke uYesu, ekhuphe izwi elikhulu, waphuma umphefumlo.	15:37 And Jesus cried with a loud voice, and gave up the ghost.
15:38 Lathi ikhuselo lengcwele lakrazuka kubini, lithabathela phezulu lada lesa phantsi.	15:38 And the veil of the temple was rent in twain from the top to the bottom.
15:39 Ebonile ke umthetheli-khulu obemi malunga naye, ukuba wenjenjalo ukudanduluka waphuma umphefumlo, uthe, Inyaniso, lo mntu ubenguNyana kaThixo.	15:39 And when the centurion, which stood over against him, saw that he so cried out, and gave up the ghost, he said, Truly this man was the Son of God.
15:40 Kwaye ke kukho nabafazi, bekhangele bemgama; kubo apho wayenguMariya waseMagadala, noMariya unina wooYakobi omnci nokaYose, kwanoSalome;	15:40 There were also women looking on afar off: among whom was Mary Magdalene, and Mary the mother of James the less and of Joses, and Salome;
15:41 ababesithi, oko ebeba kwelaseGalili, bamlandele, bamlungiselele; nabanye abaninzi, ababenyuke naye ukuya eYerusalem.	15:41 (Who also, when he was in Galilee, followed him, and ministered unto him;) and many other women which came up with him unto Jerusalem.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
15:42 Kuthe sekuhlwile, ekubeni ibiyimini yokulungiselela, oko kukuthi ngumhla ophambi kwesabatha,	15:42 And now when the even was come, because it was the preparation, that is, the day before the sabbath,
15:43 kweza uYosefu, owaseArimati, umphakathi obekekileyo, owayebulindile naye ubukumkani bukaThixo; waya kungena ngobuganga kuPilato, wacela umzimba kaYesu.	15:43 Joseph of Arimathaea, an honourable counsellor, which also waited for the kingdom of God, came, and went in boldly unto Pilate, and craved the body of Jesus.
15:44 Wamangaliswa ke uPilato kukuba selefile. Ebizele kuye umthetheli-khulu, wambuza ukuba uselenexesha na efile.	15:44 And Pilate marvelled if he were already dead: and calling unto him the centurion, he asked him whether he had been any while dead.
15:45 Wathi akuqonda kumthetheli-khulu lowo, wamnika uYosefu umzimba.	15:45 And when he knew it of the centurion, he gave the body to Joseph.
15:46 Yena, ethenge ilinen entle, wamthula; wamsongela kuyo ilinen entle; wamlalisa engcwabeni elalixholwe eweni; waqengqela ilitye emnyango wengcwaba.	15:46 And he bought fine linen, and took him down, and wrapped him in the linen, and laid him in a sepulchre which was hewn out of a rock, and rolled a stone unto the door of the sepulchre.
15:47 Baye ke ooMariya waseMagadala, noMariya unina kaYose, bebona apho wayebekwe khona.	15:47 And Mary Magdalene and Mary the mother of Joses beheld where he was laid.
Mark 16	Mark 16
16:1 Yakubon' ukuba idlule isabatha, ooMariya waseMagadala, noMariya unina kaYakobi, noSalome, bathenga ubulawu, ukuba beze bamthambise.	16:1 And when the sabbath was past, Mary Magdalene, and Mary the mother of James, and Salome, had bought sweet spices, that they might come and anoint him.
16:2 Bathi kwakusasa kakhulu, ngolokuqala usuku lweveki, beza engcwabeni, liphumile ilanga.	16:2 And very early in the morning the first day of the week, they came unto the sepulchre at the rising of the sun.
16:3 Baye bethetha bodwa, besithi, Ngubani na oya kusiqengqela ilitye, lisuke emnyango wengcwaba?	16:3 And they said among themselves, Who shall roll us away the stone from the door of the sepulchre?
16:4 Bathi bakukhangela, babona ukuba liqengqiwe lesuka ilitye; kuba belilikhulu kakhulu.	16:4 And when they looked, they saw that the stone was rolled away: for it was very great.
16:5 Bakungena engcwabeni, babona indodana ihleli ngasekunene, izithe wambu ngengubo ende, emhlophe; baqhiphuka umbilini.	16:5 And entering into the sepulchre, they saw a young man sitting on the right side, clothed in a long white garment; and they were affrighted.
16:6 Ithi ke yona kubo, Musani ukuqhiphuka umbilini; nifuna uYesu waseNazarete, obebethelelwe emnqamlezweni. Uvukile, akakho apha; nantsi indawo ababembeke kuyo.	16:6 And he saith unto them, Be not affrighted: Ye seek Jesus of Nazareth, which was crucified: he is risen; he is not here: behold the place where they laid him.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
16:7 Hambani ke niye, nibaxelele abafundi bakhe noPetros ukuthi, uyanandulela ukuya kwelaseGalili; nombona khona apho, njengokuba wayetshilo kuni.	16:7 But go your way, tell his disciples and Peter that he goeth before you into Galilee: there shall ye see him, as he said unto you.
16:8 Baphuma ke kamsinya, babaleka engcwabeni. Baye ke bephethwe lungcangcazelo nokuthi nqa; abathetha nto nakubani, kuba babesoyika.	16:8 And they went out quickly, and fled from the sepulchre; for they trembled and were amazed: neither said they any thing to any man; for they were afraid.
16:9 Ke kaloku wathi uYesu, evuke ekufeni kusasa ngolokuqala usuku lweveki, wabonakala kuqala kuMariya waseMagadala, awayekhuphe kuye iidemon zasixhenxe.	16:9 Now when Jesus was risen early the first day of the week, he appeared first to Mary Magdalene, out of whom he had cast seven devils.
16:10 Waya yena wabikela ababenaye, bakubon' ukuba bakhedamile, bayalila.	16:10 And she went and told them that had been with him, as they mourned and wept.
16:11 Basuka nabo, bakuva ukuba uhleli, nokuba ukhe wabonwa nguye, abakholwa.	16:11 And they, when they had heard that he was alive, and had been seen of her, believed not.
16:12 Emveni koko ke, wabonakaliswa ngesinye isimo kwababini bakubo, behamba besinga emaphandleni.	16:12 After that he appeared in another form unto two of them, as they walked, and went into the country.
16:13 Nabo baya babikela abanye; abakholwa nangabo.	16:13 And they went and told it unto the residue: neither believed they them.
16:14 Kamva wabonakalaliswa kwabalishumi elinamnye, behleli ngasesithebeni; wakungcikiva ukungakholwa kwabo, nobulukhuni beentliziyo zabo; ngokuba bengakholwanga ngabo babembonile evukile.	16:14 Afterward he appeared unto the eleven as they sat at meat, and upbraided them with their unbelief and hardness of heart, because they believed not them which had seen him after he was risen.
16:15 Wathi kubo, Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nizivakalise iindaba ezilungileyo kuyo yonke indalo.	16:15 And he said unto them, Go ye into all the world, and preach the gospel to every creature.
16:16 Lowo ukholiweyo wabhaptizwa, wosindiswa; ke yena ongakholwanga, wogwetywa.	16:16 He that believeth and is baptized shall be saved; but he that believeth not shall be damned.
16:17 Imiqondiso ke eya kulandelana nabo bakholiweyo nantsi: egameni lam baya kukhupha iidemon; baya kuthetha ngeelwimi ezintsha;	16:17 And these signs shall follow them that believe; In my name shall they cast out devils; they shall speak with new tongues;
16:18 baya kuphatha iinyoka; nokuba bathe basela into ebulalayo, ayikukha ibenzakalise bona; baya kubeka izandla phezu kwemilwelwe, iphile.	16:18 They shall take up serpents; and if they drink any deadly thing, it shall not hurt them; they shall lay hands on the sick, and they shall recover.
16:19 Yathi okunene ngoko yona iNkosi, emveni kokuthetha kubo, yanyuselwa emazulwini, yahlala ngasekunene kukaThixo.	16:19 So then after the Lord had spoken unto them, he was received up into heaven, and sat on the right hand of God.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
16:20 Ke bona baphuma, bavakalisa ezindaweni zonke, iNkosi isebenza nabo, iliqinisela ilizwi ngayo imiqondiso ephelekana nalo. Amen.	16:20 And they went forth, and preached every where, the Lord working with them, and confirming the word with signs following. Amen.